**"isiza"** sitetha nasiphina isiza, icandelo lomhlaba, iplothi, isitandi okanye nayiphina indawana enomhlaba apho kukho khona isakhiwo okanye besikho khona okanye sisaza kwakhiwa;

**"I-Standards Act"** sitetha uMthetho obizwa ngokuba si-Standards Act, 1993 (uMthetho 29 ka-1993);

**"uRhulumente"** uthetha:—

- (a) naliphina isebe likarhulumente okanye ulawulo kumgangatho karhulumente kuzwelone, iphondo okanye kwinginqi, okanye
- (b) naliphina igosa likarhulumente okanye iziko:—
  - (i) eligunyazisa amagunya okanye elenza umsebenzi njengoko kuchaziwe kuMgaqo-siseko okanye umgaqo-siseko wephondo, okanye
  - (ii) eligunyazisa amagunya kuluntu jikelele okanye elenza umsebenzi woluntu jikelele njengoko kuchaziwe kulo naluphina uwiso-mthetho, kodwa oku akuquki igosa lenkundla okanye eligwebayo;

**"indawo yogcino"** ithetha indawo yogcino loxinzelelo njengoko ichaziwe kwimimiselo yendawo yogcino ecaciswe kumthetho obizwa ngokuba yi-Occupational Health and Safety Act;

**"isishwankathelo sokudanjiswa"** sitetha xa uthe ngokukhawuleza waqonda imeko ethile ukuba ingakhokelela engozini yomlilo okanye ingozi eyenye esisoyikiso kubomi okanye kwimihlabu nezakhiwo, kuze ngokukhawuleza okukhulu kufunwe indlela yokulungisa imeko enjalo;

**"itanki"** ngeenjongo zesahluko sethoba salo Mthetho kamasipala, ithetha isikhongozeli esilayishwe ngokusisigxina okanye okwethutuya okanye esingumthwalo kwisithuthi nesenziwe ngendlela ethile nefanelekileyo ukuze sikkwazi ukuqulatha izinto ezingamanzi ezinokutsha — okanye isithuthi serhasi;

**"lo Mthetho kamasipala"** uquka uludwe lweenkubo olupapashwe ngokwalo Mthetho kamasipala;

**"itanki ephantsi komhlaba"** ithetha itanki esetyenzisiwe okanye ekujongwe ukuba isetyenziswe ekugcineni izinto ezingamanzi ezinokutsha ezingaphantsi okanye ezingaphezulu komhlaba;

**"inqwelo-mafutha okanye isithuthi"** sitetha isithuthi njengoko sichazwe kumthetho obizwa ngokuba yi-National Road Traffic Act, kwaye sikaquaoka oku kulandelayo:—

- (a) **"inqwelo enetanki yendlela"** ithetha itanki ekwitrakhi, isikhoji setanki, okanye itrektha yetanki kune nesikhojana zidityanisiwe;
- (b) **"isikhojana setanki"** sitetha isithuthi esinetanki elayishiwe kuso okanye eyakhiwe njengetyona nxenye engaphakathi kuso, nesikwakhiwe ngendlela yokuba isikhojana siyakwazi ukutsalwa sisikhohi setrektha okanye nasesiphina esinye, ngendlela yokufakela ivili lesihlanu kwinxenyi yomthwalo kwesi situthi sitsalayo;
- (c) **"isikhohi setanki"** sitetha isithuthi esinetanki efakiwe kuso okanye eyakhiwe njengetyona nxenye engaphakathi yaso, nesikwakhiwe ngendlela yokuba isikhohana siyakwazi ukutsalwa sisikhohi setrektha okanye nasesiphina esinye, nesikwakhiwe ngendlela yokufakela ivili lesihlanu kwinxenyi yomthwalo kwesi situthi sitsalayo;
- (d) **"itrakhi yetanki"** ithetha isithuthi esinye, esiziqhuba ngokwaso nesilayishwe itanki;
- (e) **"itrektha yetrakhi"** ithetha isithuthi esiziqhuba ngokwaso nesisetenziselwa ukutsala isikhohana setanki, kune
- (f) nasiphina esinye isithuthi, nesithi ngokwezimvo zomphathi ogunyazisiwe, sisisithuthi esichazwe kwisihluko se-9 salo Mthetho kamasipala.

## ISAHLUKO 2

### AMALUNGISELELO OLAWULO

#### ULawulo namagunya

2. (1) Igosa lomlilo eliyintloko linoxanduva lolawulo kune nokugunyaziswa kwalo Mthetho kamasipala.
- (2) Apho kungekho gosa lomlilo eliqeshiwe okanye ngokomthetho obizwa ngokuba yi-Fire Brigade Services Act, umanejala kamasipala unoxyanduva lolawulo kune nokugunyaziswa kwalo Mthetho kamasipala.
- (3) Xa kungekho nkono esekiwe kummandla wobulungisa bukaMasipala, umanejala kamasipala unoxyanduva lolawulo kune nokugunyaziswa kwalo Mthetho kamasipala.

**Ubumele**

3. (1) Igosa lomlilo eliyintloko lingaggithisa nawaphina amagunya elinikezelwe wona ngokwalo Mthetho kamasipala nangokuhambelana necandelo 19 lomthetho obizwa ngokuba yi-Fire Brigade Services Act.
- (2) Umanejala kamasipala angaggithisa nawaphina amagunya anikezelwe wona ngokwalo Mthetho kamasipala nangokuhambelana necandelo 59 lomthetho obizwa ngokuba yi-Municipal Systems Act.

#### **Amalungiselelo ogunyaziso**

4. (1) Umlawuli ogunyazisiwego ngalo nangaliphina ixesha acinga ukuba lisanalekile okanye ikwaluncedo ukwenza njalo, angene kulo naliphina iziko, ngalo naliphina ixesha acinga ukuba lisanalekile, aqinisekise ukuba lo Mthetho kamasipala uyathotyelwa.
- (2) Umlawuli ogunyazisiwego unegunya lokushwankathela aphelise nayiphina imeko ephazamisa okanye ephikisa nakuphina okulungiselelo lo Mthetho kamasipala nokumela ingozi yomlilo ekhawulezileyo okanye nayiphina enye ingozi esisoyikiso.
- (3) Umlawuli ogunyazisiwego kufuneka enze ulungiso kuyo nayiphina impikiswano echazwe kwicandelwana (2), ngokuthabatha naliphina inyathelo, kwaye angenza noku:—
  - (a) axelete abantu ukuba baphume ngokukhawuleza kwizakhiwo;
  - (b) ayalele ukuba amaziko lawo avalwe kude kufike ixesha lolungiso lwaloo mpikiswano;
  - (c) ayalele ukuyekwa kwawo nawuphina umsebenzi;
  - (d) ayalele ukususwa kweso soyikiso sikhoyo.
- (4) Naliphina ixabiso lenyathelo elinjalo kufuneka lijongwe ngumntu obekwe ngumlawuli ogunyazisiwego ukuba abe noxanduva lokuvela kwemeko enjalo.

#### **Iguya lokuphanda**

5. Ngaphandle kokuphikisana nayo nayiphina into equilathwe kuwo nawuphina umthetho ongomnye, umlawuli ogunyazisiwego unegunya lokuphanda unobangela, imvelaphi kunye neemeko zawo nawuphina umlilo okanye isoyikiso esiyingozi.

#### **Ukungaphumeleli ekuthobeleni amalungiselelo**

6. (1) Xa umlawuli ogunyazisiwego efumanise ukuba kukho ukungathobelani namalungiselelo alo Mthetho kamasipala, ngaphandle kwemeko echazwe kwicandelo 4(2), isaziso esibhaliwego kufuneka sigqithiswe kwaye kufuneka siqulathe oku kulandelayo:—
  - (a) isiqinisekiso sokuthe kwafunyanwa;
  - (b) amalungiselelo alo Mthetho kamasipala athe achaswa;
  - (c) inyathelo lolungiso elifunekayo, kunye
  - (d) nexesa elibekiweyo lokuthobela.
- (2) Umyalelo okanye isaziso esigqithiswe phantsi kwalo Mthetho kamasipala kufuneka igqithiswe ngqo ngesandla okanye ngeposi yerejista kumntu othe, ngokwezimvo zomlawuli ogunyazisiwego, acinga ukuba ngumntu ofanelekileyo.
- (3) Kumaziko angahlali mntu okanye ayeikiweyo, ikopi yomyalelo onjalo okanye yesaziso kufuneka ithunyelwe ngeposi kumaziko endaweni esekuhleni okanye ebonakalayo kwisango lokungena okanye kufutshane nesango laloo maziko kwaye lo myalelo okanye isaziso kufuneka situnyelwe ngerejista yeposi kwidilesi yokugqibela eyaziwayo yomnini, umntu ophethe la maziko okanye zombini.

#### **Ukuphika, ukupheliswa okanye ukurhoxiswa kwemvume okanye isiqinisekiso**

7. Umlawuli ogunyazisiwego angaphika, aphelise arhoxise imvume okanye isiqinisekiso esifunwa ngulo Mthetho kamasipala:—
  - (a) ukungaphumeleli ekuhlangabezeni amalungiselelo alo Mthetho kamasipala kunikezelo lwemvume okanye isiqinisekiso, okanye
  - (b) ukungathobeli amalungiselelo emvume okanye isiqinisekiso.

#### **Ingxelo efunekayo**

8. Ukucina ngendlela ekhuselekileyo kwayo yonke ingxelo ebalulekileyo kunye namaxwebhu luxanduva lomlawuli ogunyazisiwego.

#### **Izohlwayo**

9. (1) UMAsipala angachaza umrhumo ekufuneka ubhatalwe ngumntu athe umlawuli ogunyazisiwego egameni lakhe, wanikezela inkonzo njengoko kuchaziwe kwicandelo 10 lomthetho obizwa ngokuba yi-Fire Brigade Services Act.
- (2) UMAsipala angabiza umrhumo wamalungiselelo ukuhlola, ukuhlola ngokutsha okanye nayiphina enye inkonzo engenye kwakunye nokugqithiswa kwamaphepha-mvume, imvume okanye iziqinisekiso ngokuhambelana nowiso-mthetho olusebenzayo kurhulumente wengingqi olumiselwe ukubizwa kwale mirhumo.

#### **Ukunika ingxelo yomlilo onobungozi kunye nezinye izoyikiso eziyingozi**

10. Umnini okanye umntu olawula kumaziko, xa ethe wafumana nabuphina ubungqina malunga nomlilo onobungozi okanye nasiphina isoyikiso esiyingozi esinxulumene nalo Mthetho kamasipala, kufuneka ngokukhawuleza axelete umlawuli ogunyazisiwego.

### ISAHLUKO 3

#### UKHUSELEKO LWEZAKHIWO EMLILWENI

##### **Izinto jikelele**

11. Umlawuli ogunyazisiwego ngokwecandelo 4(3) okanye icandelo 6(1) lalo Mthetho kamasipala kufuneka aphelise impikiswano okanye ukuchaswa kwe-National Building Regulations ngokunxulumene nomlilo kunye nokhuseleko lwezakhiwo.

##### **Invume kwiinqwelo okanye izithuthi zexesha likaxakeka**

12. (1) Xa, ngokwezimvo zomlawuli ogunyazisiwego, iziko lingekalungeli ukuba kungangenwa kulo ukusuka kwiindlela zikawonke-wonke, kufuneka linikezwe invume yezithuthi ngexesha likaxakeka kwaye, ngaphandle kwamalungiselelo e-National Building Regulations (T1), angafunwa ekuthobeleni oku kulandelayo:—
  - (a) Indlela yokungena kufuneka yenziwe ukuze ikwazi ukuxhasa umthwalo onzima kakhulu wezithuthi zexesha likaxakeka ekufuneka wenzelwe ukulungiselela ingozi kumaziko.
  - (b) Isango elilungiselelwu izithuthi okanye igeyithi esebezena ngombane kufuneka ixhotyiswe ngendlela apha eyakwenza ukuba ukungena kula masango kungenzeka ngaphandle kokusebenzisa nasiphina isixhobo sombane esiye sisetyenziswe.
  - (c) Kufuneka kubekho iindlelana zomlilo kuwo onke amaziko nezithe zenziwa malunga neemitha ezingama-45 ukusuka kwindlela kawonke-wonke okanye yodlule iimitha ezilithoba ubude kwaye ziphinde zibekwe ngaphezu kweemitha ezili-15 ukusuka kwindlela kawonke-wonke.
  - (d) Iindlelana zomlilo kufuneka zibe malunga ubuncinane neemitha ezine ububanzi, indawo ekufuneka kwensiwe isiggibo ngayo emva kokucebisana nomlawuli ogunyazisiwego, kwakunye nendawo esuka kumlinganiselo womgangatho ukuya kubude obucacileyo obumalunga neemitha ezine ngaphezu kwendlela yomlilo nekufuneka ihlale ingasithwanga nto.
  - (e) Isiphelo sendlela esibizwa ngokuba yi-cul-de-sac engaphezu kweemitha ezingamashumi alithoba (90m) ubude, kufuneka zinikezwe kunye nesangqa sokujiwa kwindlela apho indlela iphela khona neyakuthi ikwazi ukuba lunchedo kwsiona sithuthi sikhulu sexesha likaxakeka nekufuneka sincedice kwingozi ekumaziko.
- (2) Uyilo, ukwenziwa kweempawu, ukusetyenziswa kunye nokugcinwa kweendlelana zomlilo ezingeyonxene yendlela kawonke-wonke kufuneka zithobelane neemfuno zomlawuli ogunyazisiwego.
- (3) Akukho mtethweni ukuba umntu angapaka isithuthi sakhe kwindawo eneendlelana zomlilo okanye kwindawo enokuvala ezi ndlelana zomlilo.

##### **Ukwahlulwa kunye nezinto ezahlula indawo ehlala abantu nekhusela umlilo**

13. Umnini okanye umntu ophetheyo kwisakhiwo akufunkanga atshintshe ukwahlulwa okanye izinto ezahlula indawo ehlala abantu nekhusela umlilo ngayo nayiphina indlela enokwenza ukuba ingasebenzi ngendlela efanelekileyo okanye ivumele umlilo, ubushushu okanye izinto ezinokutsha ukuba zingene kwsinye isakhiwo esibucala.

##### **Iingcango zomlilo nezixhobo ezithile**

14. (1) Ngokuxhomekeke kumalungiselelo e-SABS 1253, ucango lomlilo kunye nesixhobo esithile kufuneka zigcinwe ngendlela eyakwenza ukuba xa kuvele umlilo, ziya kugcina ekufuneka zikufezile, ukugcina ubushushu bungangeni kunye nozinzo kangangexesa elifunekayo kolo didi lulodwa locango.
- (2) Ucango lomlilo lungagcinwa luvulekile kuphela xa luxhotyiswe ngesixhobo esizivulayo siphinde sizivale okanye sigcine kuvulekile nesamkelweyo nguMasipala.
- (3) Ucango lomlilo kunye nesixhobo esithile akufunkanga zisetyenziswe ngendlela engafanelekanga phantsi kwala manyathelo alandelayo:—
  - (a) ukutshintsha ekufuneka zikufezile, ukugcina ubushushu bungangeni kunye nozinzo kolo didi lulodwa locango;
  - (b) ukukhulula iintambo zendlela ezizivila ngokwazo;
  - (c) ukuverha, ukubhloka okanye ukuvalela ucango ukuze lingakwazi ukuvaleka;
  - (d) ukupeyinta uthungelwano olunyibilikisiwego oluqhuba ucango;
  - (e) ukukhulula iintambo okanye ukusetyenziswa ngendlela engafanelekanga kombane okanye isixhobo esikhulula ucango sombane, okanye
  - (f) naliphina inyathelo elilelinye elenza ukuba ucango lomlilo okanye isixhobo salo lilenze lingasebenzi ngendlela efanelekileyo.

##### **Iindlela zokufuduka**

15. (1) Nayiphina into eyenza inxenyen yendlela yokufuduka ezinjengeendlela ezingena kowona mgaqo mkhulu wezithuthi (feeder routes), iingcango zokungena, iindlela zexesha likaxakeka neendlela zokufuduka akufunkanga zivalwe okanye zenziwe ukuba zingasebenzi ngendlela efanelekileyo ngayo nayiphina indlela enokuthi ithintele okanye ikhusele ukufuduka kwakhe nawuphina umntu kwisakhiwo xa kuvele umlilo okanye nayiphina imeko edala ukuxakeka okukhulu.
- (2) Isixhobo sokutshixa esifikwe kwindawo yokungena okanye kucango lokufuduka kwindlela yokufuduka kufuneka senziwe ngendlela eyamkelwe nguMasipala.
- (3) Xa umlawuli ogunyazisiwego efuna njalo, indlela yokufuduka kufuneka iboniswe ngokucacileyo ngeempawu ezithile, nezithobelana ne-SABS 1186, ezibonisa indlela yokuhamba xa kuvele umlilo okanye nayiphina imeko edala ukuxakeka okukhulu.

**IiNtente**

16. (1) Phambi kokuba kwakhwe kuhphinde kusetyenziswe iintente njengendawo yokuhlala njengoko kuchazwe kwi-National Building Regulations (A20), umntu owenza isicelo kufuneka:—
- aggithise isicelo njengoko kuchazwe kwi-National Building Regulations (A2) kuMasipala kulwakhwiwo kunye nokusetyenziswa kwentente, aphinde
  - aggithise isicelo njengoko kuchazwe kwicandelo 22 lalo Mthetho kamasipala kumlawuli ogunyazisiweyo ukuze afumane isiqinisekiso sethutyan sabemi.
- (2) Isicelo esigqithisiweyo njengoko kuchazwe kwicandelwana (1)(a) kufuneka sithobelane noku kulandelayo :—
- Intente kufuneka yakhiwe ibe malunga neemitha ezine ezinesiqingatha ubuncinane (4,5 m) ukusuka phantsi, nakude kwizinto ezinokutsha kwaye umlawuli ogunyazisiweyo angafuna ukuba lo mgama wandiswe xa iimeko zifuna njalo.
  - Xa iintente zakhiwe enye ecaleni kwenye, umgama ongavalelekanga omalunga neemitha ezine ezinesiqingatha (4,5 m) uyafuneka phakathi kwazo nalapho kufanelekileyo, phakathi kwezibonda kunye nezikhokelo zeentente ezikufutshane, ukuze kuqinisekiswe ngendlela evulekileyo kwizithuthi zexesha likaxakeka.
  - Iimfuno ezichazwe kwi-National Building Regulations (T1) kufuneka zithotyelwe kula mabakala alandelayo:—
    - xa inani labemi abangaphakathi ententeni lingaphezulu kwabantu abangamashumi amabini anesihlanu (25);
    - xa intente kukho abantu kuyo ngexesa leeyure zobumnyama;
    - xa kusenziwa amalungiselelo okuhlala kunye nomlinganiselo wendlela ephakathi kwezitulo okanye eyahlula elinye icala kwelinje, kunye
    - nokwenziwa kwamalungiselelo ezitshizi zokucima umlilo.
  - Ubuninzi babantu kwintente kufuneka kuthobelane ne-National Building Regulations (A21).
  - Akufunekanga kuphekwe ngaphakathi kwintente enoluntu jikelele naxa kufuneka kuphekwi, kufuneka kuphekwe kwenye intente okanye kwindawo apho uluntu jikelele olungasayi kufikelela khona.
  - Akukho mililo ivulekileyo okanye isempenge-mpengeni iya kuvunyelwa ngaphakathi kwintente okanye nasiphina isixhobos esikhupha umlilo, esinjengekhandlela, ilanteni okanye ithotshi, nangona zinakho ukuvunyelwa kuphela ngaphakathi kwentente xa oko kuvunyelweyo ngumlawuli ogunyazisiweyo.
  - Akukho mililo evulekileyo okanye idangatye elivunyelweyo kwiimitha ezintlanu kufutshane nentente, izibonda okanye izikhokelo zentente.
  - Ukutshaya akuvumelekanga ngaphakathi kwintente kwaye uphawu olubhalwe “**Akutshaywa**” kufuneka luhlale rhoqo luboniwe kulo naliphina isango kwaye lithobelane ne-SABS 1186.
  - Ukulayitwa kunye nokufakelwa kweentambo kwintente kufuneka kuthobelane neemfuno ezichazwe kwi-SABS 0142 ngendlela ecacisa ukuba ukudibana ngqo akwenzeki kunye nezinto ezinokutsha kwaye nobushushu obuphumayo abudali bungozi.
- (4) Ngaphandle kwamalungiselelo awenziwe kumacandelwana (1) no-(2), umlawuli ogunyazisiweyo angacela umenzi wesicelo ukuba afezekise iimfuno ezonegeziweyo zokumiswa kunye nokusetyenziswa kwentente.

**IZIXHOBO ZOKUKHUSELA****UMLILO 4****Izitshizi zokucima umlilo**

17. (1) Izitshizi zokucima umlilo kufuneka zinikezelwe ziphinde zifakwe kuwo onke amaziko njengoko kufunwa njalo ngumlawuli ogunyazisiweyo kwakunye nokuhambelana ne-National Building Regulations (T1) no-(T2).
- (2) Izitshizi zokucima umlilo kufuneka zigcinwe ngqongqo ngokuhambelana neemfuno ze-Occupational Health and Safety Regulations, SABS 1475: Isahlulo 1, SABS 1571, SABS 1573 ne-SABS 0105: Isahlulo 1.
- (3) Umgondisi wezomthetho okanye nawuphina umntuakanalungelo lokugewalisa, atshaje ngokutsha, afakele umoya kwakhona, alawule, alungise, ahlole okanye avavanye isitshizi sokucima umlilo ngokwe-SABS 1475: Isahlulo 1, ngaphandle kokuba umntu onjalo unemvume enikezelwe yi-South African Bureau of Standards okanye unesiqinisekiso sempumelelo esikhutshwe yikomiti ebizwa ngokuba yi-South African Qualifications Certification Committee.
- (4) Umnini okanye umntu ophethayo kwiziko angangavumeli ukuba kugewaliswe isitshizi sokucima umlilo, kutshajwe ngokutsha, ukulawula kwakhona, ukwethisa, ukulungisa, ukuhlola okanye ukuvavanya isitshizi sokucima umlilo ngumntu ongenamvume yokwenza njalo okanye isiqinisekiso esichazwe kwicandelwana (3).
- (5) Xa umlawuli ogunyazisiweyo efumanise ukuba isitshizi sokucima umlilo siye sigcwalisiwe, satshajwa ngokutsha, safakelwa umoya kwakhona, salawulwa, salungiswa, sahlolwa okanye savavanywa ngumntu ongenamvume echazwe kwicandelwana (3), umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka ayale umnini okanye umntu ophethayo kuloo maziko ukuba umsebenzi onjalo kufuneka wenziwe ngumntu onemvume enjalo okanye isiqinisekiso esivunyiwego.
- (6) Xa, ngokweembono zomlawuli ogunyazisiweyo, isitshizi sokucima umlilo singakhuselekanga okanye singasebenzi ngendlela efanelekileyo mhławumbi imeko yaso imandundu, ngokoyilo okanye isakhiwo saso, umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka ayale umnini okanye umntu

ophetheyo kuloo maziko ukuba asithathe esi sixhobo asise ngaphambili ukuze sihlolwe siphinde sivavanywe ngokwe-SABS 1475: Isahlulo 1 ne-SABS 1571.

- (7) Isitshizi sokucima umlilo akufuneka sisuswe kumaziko ukuze sifumane ukutshajwa ngokutsha, ukulawula kwakhona, ukwethiwa okanye ukuthiwa, ukulungiswa, ukuholwa okanye ukuvavanywa ngaphandle kokuba esi sixhobo kufakwe esinye endaweni yaso okwexeshana okanye ngokungesosigxina nesisebenza ngendlela efanelekileyo.
- (8) Isitshizi sokucima umlilo asinakufakwa, sikhululwe, sitshajwe ngokutsha, silawulwe kwakhona, ithiwe, silungiswe, sihlolwe okanye sivavanywe kwindawo aphi isenzo esinjalo sinokudala ingozi.

#### **Uvavanyo nogcino lweenkqubo zokukhusela umlilo**

- (1) Inkqubo yokukhusela umlilo kufuneka ivavanywe iphinde igcinwe ngamaxhesha onke kwaye umnini okanye umntu ophetheyo kumaziko kufuneka agcine ingxelo eneenkukacha malunga novavanyo kunye nogcino lwale nkqubo.
- (2) Umntu akanakho ukuvavanya inkqubo yokhuseleko emlilweni ngaphambi kokuba azise abantu abahlala kumaziko lawo malunga namaxesha okuqaliswa kunye nokugqitywa kovavanyo olo, kwakunye, naxa kufanelekile, namaqela ajonga le nkqubo yokhuseleko emlilweni.
- (3) Inkqubo yokhuseleko emlilweni eyilwe ngohlobo lokufumana, ukulwa, ukuphatha kunye nokucima umlilo kufuneka igcinwe ngokuhambelana ne-National Building Regulations (T2) efundwa ngokuhambelana nekhwudi okanye umgangatho owaziwayo kuzwelone, kwaye xa kungekho ikhowudi kazwelone kunye nomgangatho, ikhowudi yezizwe ngezizwe efanelekileyo okanye esemgangathwene kufuneka isetyenziswe.
- (4) Inkqubo yokhuseleko lomlilo akufunekanga ifakwe, ikuhululwe, itshajwe ngokutsha, ilungiswe, iguqulwe, ilungiswe xa yonakele okanye ivavanywe kuwo nawuphina ummandla okanye indawo aphi isenzo esinjalo singadala ubungozi okanye ifake abantu engozini.
- (5) Umntu ojongene nokugcina kakuhle inkqubo yokhuseleko emlilweni kufuneka azise umnini okanye umntu ophetheyo kuloo maziko ngeleta ebhaliwego malunga ngaso nasiphina isiphene esithe safunyanwa, indlela eligcinwe ngayo okanye okunokuthi kwensiwe, naxa umntu ophetheyo efumene isaziso esinjalo, kufuneka ngaphandle kokulibaza, axelete umnini malunga nento enjalo.
- (6) Umnini okanye umntu ophetheyo kuloo maziko kufuneka ngokukhawuleza axelete umlawuli ogunyazisiweyo xa inkqubo yokhuseleko emlilweni okanye okunye kule nkqubo, ingasebenzanga ngendlela efanelekileyo okanye ithe yathathwa aphi ilungiswa khona, kufuneka axelete umlawuli ogunyazisiweyo ngokukhawuleza emva kokuba le nkqubo ithe yagciwa.
- (7) Umnini okanye umntu ophetheyo kula maziko kufuneka athathe onke amanyathelo afanelekileyo nacinga ukuba alungile kumlawuli ogunyazisiweyo ekunikezeleni izixhobo ezizezinye ukuze agcine umgangatho wokhuseleko ngaphakathi kula maziko.

#### **Ukuphazamiseka kunye nemvume kwiinkqubo zokhuselo lomlilo kunye nezitshizi zokucima umlilo**

19. Umntu akavumelekanga ukuba anikezele inkonzo engasebenzi kakuhle, engafanelekanga, engavumelekanga, okanye ebucabhuca naekwaphazamisana nezitshizi zokucima umlilo okanye inkqubo yokhuselo lomlilo, ngaphandle kwamaxa kufanelekileyo ngexesha likaxakeka, ugcino, izilumkiso okanye uvavanyo olunikezelwayo.
- Izilumkiso zomlilo kunye nemibhobho yamanzi esetyenziswa xa kuvele umlilo
20. (1) Ngaphandle kwembuyekezo kumnini weziko elo kusetyenzwa kulo, umlawuli ogunyazisiweyo angenza:—
  - (a) i-alam yomlilo;
  - (b) isilumkiso esichazela abantu malunga nomlilo okanye nayiphina enye indlela elumkisayo yexesha likaxakeka, okanye
  - (c) isixhobo esilumkisa abahlali malunga nomlilo okanye nayiphina enye into yexesha likaxakeka ekufuneka ifakelwe kuso nasiphina isakhiwo, udonga, ucingo, ipali okanye umthi.
- (2) Ngaphandle kwembuyekezo kumnini weziko elo kusetyenzwa kulo, umlawuli ogunyazisiweyo angenza ukuba indawo nemibhobho yamanzi esetyenziswa xa kuvele umlilo kunye nezilumkiso zomlilo ukuba ziphawulwe kuso nasiphina isakhiwo, udonga, ucingo, ipali, umthi, indlela, indlela ehamba abantu abahamba ngeenyawo okanye ukugquma imibhobho yamanzi esetyenziswa xa kusitsha, ipleyiti yesinyithi okanye into yokuphawula epeyintiweyo okanye ngayo nayiphina indlela.
- (3) Umlawuli ogunyazisiweyo nangaliphina ixesha angenza ukuba kukhale isilumkiso somlilo, nasiphina isixhobo esichazwe kwicandelwana (1), ibhodi, ipleyiti yesinyithi okanye into yokuphawula epeyintiweyo ukuba isuswe ngaphandle kokuvumelana nomnini waloo maziko achazwayo.
- (4) Umntu ongagunyaziswanga akavumelekanga ukuba asuse, aguqule, atshintshe, aqhacqhe okanye onakalise isilumkiso somlilo, kunye nasiphina isixhobo esichazwe kwicandelwana (1), ibhodi, ipleyiti yesinyithi okanye uphawu olufakwe ipeyinti.
- (5) Umntu akavumelekanga ukuba anikezele inkonzo engasebenzi kakuhle, engafanelekanga, engavumelekanga, okanye ebucabhuca naekwaphazamisana nemibhobho yamanzi esetyenziswa xa kuvele umlilo.

#### **ISAHLUKO 5**

#### **UKHUSELEKO LOLUNTU JIKELELE**

Ukhuselo nolawulo lwabantu abaninzi

21. (1) Phambi kokuba kusetyenziswe amaziko ngenjongo yokonwabiso abantu okanye iintlangano zoluntu jikelele, umnini okanye umntu ophetheyo kufuneka agqithise isiqcelo sokufumana isiqinisekiso senani labemi kumlawuli ogunyazisiweyo, njengoko kuchaziwe kuLudwe lweeNkqubo 2 kulo Mthetho kamasipala.

- (2) Umlawuli ogunyazisiwego angacela ulwazi olulolunye kumntu owenze isicelo.
- (3) Ngaphandle kwamalungiselelo eli candelwana (1), umlawuli ogunyazisiwego angayalela umnini okanye umntu ophetheyo kuloo maziko ukuba enze isicelo nokuba sesesiqinisekiso esisigxina senani labemi okanye esethutyana, xa kuthe kwenzeka ukuba amaziko lawo asetyenziswe ngaphandle kwako konke okuchazwe kwi-National Building Regulations (A20).
- (4) Isiqinisekiso senani labemi sethutyana sihlala sisebenza kangangexesha elingaggithanga kwiintsku zekhalenda ezingamashumi amathathu (30).
- (5) Umlawuli ogunyazisiwego kufuneka angavumi ukunikezela ngesiqinisekiso sethutyana senani labemi nokuba sisigxina xa iziko elo lingazithobeli iimfuno ze-National Building Regulations (T1), naxa umlawuli ogunyazisiwego ecinga ukuba ukungathotyelwa kwamaziko kungalungiswa, kufuneka ayalele umnini okanye umntu ophetheyo kuloo maziko ngeleta ukuba athathe onke amanyathelo afanelekileyo ukuba anike amaziko lawo ukhuseleko kuqala phambi kokuba kusetyenziswe loo maziko kunye nokunikezelwa kjesiqinisekiso sethutyana okanye esisigxina senani labemi.
- (6) Ukuba ngalo naliphina ixesha, umlawuli ogunyazisiwego efumanise ukuba ukusetyenzisa kwamaziko athile akuhambelani nesiqinisekiso sethutyana okanye esisigxina senani labemi, kufuneka athathe amanyathelo njengoko kuchaziwe kumacandelo 4(2) okanye 6(1) kunye necandelo 7 lalo Mthetho kamasipala.
- (7) Isiqinisekiso sethutyana okanye esisigxina senani labemi sisebenza kuhela kumaziko okanye kwinxene yeziko esasinikezelwe lona, kwakunye naxa kuthe kwenzeka iinguqulelo kubantu abahlala ngaphakathi okanye iinguqulelo ziyanziwa kuloo maziko sasikhutshwe kuwo isiqinisekiso, umnini okanye umntu ophetheyo kufuneka enze isicelo ngokutsha sesi siqinisekiso ngokuhambelana necandelo (1).
- (8) Isiqinisekiso sethutyana okanye sesigxina senani labemi kufuneka sibekwe ekuhleni kwindawo ebonakala ngokucacileyo kwakunye nendawo ebonakalayo ngaphakathi kumaziko aphi isiqinisekiso eso sasikhutshwe khona.
- (9) Umnini okanye umntu ophetheyo kuloo maziko kufuneka akhusele ukuphithizela okanye ukuxinana kwabantu ngokunciphisa inani labemi, afike kwelo lichazwe kwisiqinisekiso sethutyana okanye sesigxina senani labemi.
- (10) Umntu kufuneka aphume kumaziko axineneyo okanye anabantu abaninzi xa eyalelw ekuthi ukuba enze njalo ngumlawuli ogunyazisiwego, umnini okanye umntu ophetheyo kuloo maziko.

#### Ukwenziwa kwenkonzo

22. (1) Xa umlawuli ogunyazisiwego ecinga ukuba kufuneka inkonzo ethile nekufuneka yenzive xa kukho itheko elithile kwindawo esetyenziswa luluntu jikelele xa luzonwabiso okanye aphi abantu badibana khona, anganikezela, xa uluntu jikelele lunqwenela njalo kwakunye nokuxhomekeka kwiintswelo (exigencies) zalo nkonzo, ilungu elinye okanye angaphezulu kwesinye, isithuthi okanye isixhobo kule nkonzo eza kwenziza kuloo maziko ngexesha lelo theko kungenjalo inxenye yalo.
- (2) Xa ukwenziwa kwenkonzo ngexesha letheko elithile kwindawo esetyenzisela ukuzonwabiso okanye kwiindibano zoluntu jikelele iquka ixabiso elithile, elo xabiso lifunwe nguMasipala lingafunyanwa kulo mntu uphetheyo kwelo theko okanye ngokuhambelana necandelo 9 lalo Mthetho kamasipala.

#### Ukusekwa kwesicwangciso sokufuduka ngexesha likaxakeka

23. (1) Umnini okanye umntu ophetheyo kwisikolo, isibhedlela, kwindawo yokuhlala yeziko elithile, ihotele, indlu yabahambi (guest house), ihostele okanye iindawo ezinjalo zokuhlala ezinenani labemi okanye abantu abangapezulu kwamashumi amabini anesihlanu (ukuquka nabasebenzi) kufuneka aseke isicwangciso sokufuduka ngexesha likaxakeka esinika iinkcukacha ezifanelekileyo ekufuneka zithathiwe ngabasebenzi okanye ngabahlali xa kunokuvela umlilo okanye nasiphina isoyikiso esiyingozi.
- (2) Umlawuli ogunyazisiwego angayalela umnini okanye umntu ophetheyo kumaziko, ngaphandle kwako konke okuchazwe kwicandelo (1), ukuba aseke isicwangciso sokufuduka ngexesha likaxakeka esinika iinkcukacha ezifanelekileyo ekufuneka zithathiwe ngabasebenzi okanye ngabahlali xa kunokuvela umlilo okanye nasiphina isoyikiso esiyingozi.
- (3) Esi sicwangciso sichazwe kumacandelo (1) no-(2) kufuneka senziwe ngokutsha xa umba othile ungasasebenzi okanye xa isakhiwo aphi kwakwenzive okanye kwakuyilwe khona isicwangciso eso sitshintshile.
- (4) Isicwangciso sokufuduka ngexesha likaxakeka kufuneka sivavanywe sisonke qho kwiinyanya ezintandathu ubuninzi okanye xa sithe esi sicwangciso sahlaziywa ngokutsha kwaye ingxelo yolu vavanyo kufuneka igcinwe kwirejista.
- (5) Le rejista ichazwe kwicandelo (4) kufuneka iqulathe olu lwazi lulandelayo:—
  - (a) umhla kunye nexesa lolu vavanyo;
  - (b) inani labathathi-nxaxheba;
  - (c) iziphumo zolu vavanyo kwakunye naliphina inyathelo lolungiso elifunekayo, kunye
  - (d) negama kunye nomsayino womntu owongamele olu vavanyo.
- (6) Irejisa, kwakunye nesicwangciso sokufuduka ngexesha likaxakeka kufuneka zifumanek rhoqo kumaziko ukuze zihlolwe ngumlawuli ogunyazisiwego.
- (7) Umlawuli ogunyazisiwego angavavanya, isiseko kunye nokuzalisekiso kwesi sicwangciso sokufuduka ngexesha likaxakeka kwaye angathetha ngokuseburhulumenteni malunga ngazo naziphina izimvo okanye amanyathelo olungiso ekunyuseni umgangatho okanye ekulungiseni iimpazamo kwesi sicwangciso.

#### Ukubekwa ekuhleni kwezicwangciso zeendlela zokufuduka

24. (1) Kwisibhedlele, kwiziko lokuhlala, kwihotele, kwindlu yeendwendwe, kwihostele okanye nayiphina indawo eyilelw ekukho

iinjongo zokuba isetyenziswe zizigulana, abahlali okanye abantu abadlulayo, ngaphandle kwenani labemi, isicwangciso sendlela yokufuduka kufuneka ibe sekuhleni kwindawo ebonakalayo kulo naliphina igumbi eliyilwe ngeenjongo zokuba ibe yindawo yokulala.

- (2) Ukbekwa ekuhleni kwezicwangciso zendlela yokufuduka kulo naliphina iziko kuxhomekeke ekwamkelweni kwazo ngumlawuli ogunyazisiweyo.

#### **Isithintelo esakhwiwe endleleni kwizakhiwo ezingenabantu**

25. Ummni okanye umntu ophetheyo kwisakhiwo okanye inxene yaso nesingahlali bantu kufuneka asuse yonke into esenokutsha okanye inkunkuma aze atshixe, okanye agcine ngendlela ekhuselekileyo zonke iifestile, iingango kunye nezinye iindawo ezivulekayo kwisakhiwo ngendlela efunwa nguMasipala neya kukhusela ukudaleka kweengozzi zomlilo ezenziwa kukungena komntu ongagunyaziswanga.

#### **ISAHLUKO 6**

##### **UKHUSELEKO LWEZINDLU**

Izinto ezinokutsha kunye nenkunkuma

26. (1) Umnini okanye umntu ophetheyo kumaziko okanye inxene yawo kufuneka angavumeli izinto ezinokutsha okanye inkunkuma ukuba yande kuyo nayiphina indawo okanye nangayiphina indlela enokuthi yenze kudaleke jingozi zomlilo okanye ezinye izoyikiso esiyingozi.
- (2) Izinto ezinokutsha kunye nenkunkuma kufuneka zigcinwe ngendlela efanelekileyo okanye zilahlwe ngendlela yokukhusela ingozi yomlilo okanye nasiphina isoyikiso esiyingozi njengoko zichaziwe kuwiso-mthetho olusebenzayo, olujongene nokugcinwa kunye nokulahlwa kodidi olulodwa lwezinto ezinokutsha kunye nenkunkuma okanye xa kungekho luwiso-mthetho olukhoyo njengoko kuchaziwe ngumlawuli ogunyazisiweyo.

#### **Uthuli**

27. Umnini okanye umntu ophetheyo kumaziko okanye inxene yawo akufunekanga avumele inkunkuma eyandayo kangangobuninzi obunokudala umlilo okanye nasiphina esinye isoyikiso esiyingozi, kwaye kufuneka agcine okanye alahle uthuli njengoko kuchaziwe kuwiso-mthetho olusebenzayo nolujongene nokugcinwa kunye nokulahlwa kohlobo olulodwa lothuli.

Izinto eztishisekayo okanye ezinokutsha kunye nemixube yokucoca

28. (1) Ngaphandle kokuphikisana nayiphina enye into equilathwe kuwo nawuphina omnye umthetho, yimixube engamanzi evuniyiweyo kuphela okanye iisepha, imixube yokutshayela imigangatho nezifunxi zamafutha ekufuneka zisetyenziswe xa kucocwa.
- (2) Akuvumelekanga ukusetyenziswa kwembuphu yesarha okanye ezinye izinto ezifana nayo ezinokutsha ekufakeni izinto eztishisekayo okanye ezinokutsha eziphuma okanye zilahlwe xa kusensiwa into ethile.

#### **Ukwanda kwiitshimini, imibhobho ehambisa umsi kunye nemibhobho yokuhamisa ulwelo okanye umoya**

29. Umnini okanye umntu ophetheyo kumaziko okanye inxene yawo akufunekanga avumele ukuba umle okanye nayiphina enye into enokutsha yande kwitshimini, imibhobho ehambisa umsi kunye nemibhobho yokuhamisa ulwelo okanye umoya kumaziko ngobukhulu bawo okanye ngendlela enokudala umlilo okanye naziphina izoyikiso ezinjalo.

#### **Intusa yokuphembeka komlilo**

30. (1) Uktshaya, ukuphatha iimatshisi, ukusetyenziswa kwezinto ezenza ubushushu okanye izixhobo ezikhupha idangatya, okanye ukusetyenziswa kwaso nasiphina isixhobo esivelisa iintlantsi, konke oko akuvumelekanga kwiindawo ezinezinto ezinokutsha, kwaye nalapho izixhobo zifuneka khona ekwenzeni okanye ekugcineni umsebenzi othile, kufuneka ibe yeypa ndawo ikhuselekileyo nekwasekwe ngokukodwa ekwenzeni umsebenzi onjalo.
- (2) Uthuthu olushushu, amalahle okanye amalahle atsha kancinci engenadangaty (smouldering coals) kufuneka abekwe kwisikhongozeli esingenakho ukutsha kwaye esi sikhongozeli kufuneka sibekwe kwindawo okanye kuqilima olungatshiyi.
- (3) Umgama ofanelekileyo, njengoko kucingelwa ukuba ulungile ngumlawuli ogunyazisiweyo, kufuneka kuqinisekiswe ukuba ugcinwe ngendlela efanelekileyo phakathi kwezinto ezinokutsha nezenza ubushushu okanye izixhobo zokulayita okanye nakuyiphina into enokuba yintusa yokuphembeka komlilo.
- (4) Izifudumezi (heaters) eziphathetkayo okanye ezincinci kufuneka zigcinwe ngendlela efanelekileyo ukuze ingadali umlilo, kwaye umlawuli ogunyazisiweyo angakuphelisa ukusetyenziswa kwezi zifudumezi ziphathekayo ngendlela yokuhlonipha abanye abantu okanye kwiimeko apho oku kusetyenziswa kwazo kungadala ingozi yomlilo okanye nasiphina esinye isoyikiso.

#### **Ukutshaya**

31. (1) Xa kukho apho iimeko zokutshaya ezinokudala ingozi yomlilo kumaziko, ukutshaya kuloo maziko kungapheliswa kwaye uphawu oluthi "Akutshaywa" kufuneka lubekwe ekuhleni njengoko esitsho umlawuli ogunyazisiweyo, kwaye ezi mpawu kufuneka zithobelane ne-SABS 1186: iSahlulo 1.
- (2) Umntu akufunekanga asuse uphawu oluthi "Akutshaywa".
- (3) Umntu akufunekanga alayite okanye atshaye isiga, isigarethi okanye umdiza, inqawa, icuba okanye nayiphina enye into okanye alumekе okanye aphembe umlilo kwezinye izinto, okanye abambe, abange, agibisele okanye alahle nayiphina into etsha kancinci enganadangatyte kwindawo ekungavumelekanga ukuba umntu enze njalo.
- (4) Apho kuvumelekileyo ukuba umntu angatshaya, kufuneka kwensiwe amalungiselelo okulahlwa okukhuselekileyo kwezi zinto zisetyenziswa xa kutshaywa kunye neematshisi ukukhusela ukudaleka kwengozi yomlilo okanye nayiphina enye into esisoyikiso esiyingozi.

- (5) Umntu akuvumelekanga ukuba ajwile, abeke phantsi okanye alahle umcinga osavuthayo, iisigarethi ezivuthayo, okanye nayiphina enye into esavuthayo okanye nayiphina into enako ukwenza umlilo okhawulezileyo okanye enokuzivuthisa ngokwayo endleleni okanye nakweiyiphi enye indawo.

#### **Ukufakelwa kombane, izixhobo kunye nezinto ezisetyenziswa kuzo**

32. (1) Umntu akuvumelekanga ukuba enze okanye avumele nayiphina into esebebenzia umbane ukuba isindwe ngendlela engafanelekanga.
- (2) Umntu akuvumelekanga ukuba enze okanye avumele nasiphina isixhobo esisebenzia umbane okanye intambo yombane ukuba isetyenziswe ngendlela enokudala ingozi yomlilo okanye nayiphina enye into esisoyikiso esiyingozi.

#### **Isixhobo esikhupha idangatye**

33. Umntu akavumelekanga okanye akanakwenza ukuba isixhobo esikhupha idangatye, esinjengekhandlela, ilentene okanye ithotshi, zisetyenziswe ngendlela enokudala ingozi yomlilo okanye nayiphina enye into esisoyikiso esiyingozi.

### **ISAHLUKO 7**

#### **INGOZI ZOMLILO**

Izinto ezinokutsha

34. (1) Umntu akuvumelekanga ukuba agcine, ahambise, asebenzise okanye abeke ekuhleni okanye abangele okanye avumele ukuba kugcinwe, kuhanjiswe, kusetyenziswe okanye kubekwe ekuhleni, nokuba kuphandle okanye kungaphakathi kwamaziko nayiphina into enokutsha okanye nayiphina into enokudala idangatye okanye ngendlela enokudala ingozi yomlilo okanye nasiphina isoyikiso somlilo.
- (2) Umnini okanye umntu ophethayo kuloo maziko akanakvumela ukukhula kotyani okanye ukwanda kwalo, okanye ezinye izinto ezinokutsha ukuba zande ngendlela enokubangela okanye enokudala ingozi yomlilo okanye nasiphina isoyikiso somlilo.

#### **Ukulayitwa kweemililo nokutshisa kwezinto ezinokutsha**

35. (1) Akuvumelekanga ukulayitwa kweemililo nokulahlwa kwezinto ezinokutsha ngendlela yokuzitshisa, gcina ngokweemeko ezichazwe kweli candelo.
- (2) Umntu angalayita umlilo okanye asebenzise nasiphina isixhobo esinokwenza okanye esikhupha idangatye ngenjongo yokwenza amalungiselelo okupheka okanye nayiphina enye into esetyenziswe ekhaya ngendlela engasayi kudala ingozi yomlilo okanye nasiphina isoyikiso esiyingozi okanye apho umlilo onjalo ungathintelwa lulo naluphina uwiso-mthetho olulolunye.
- (3) Umnini okanye umntu ophethayo kumaziko asetyenziswe ngabantu njengendawo yokuzonwabiswa okanye indawo yokuhlangana yoluntu jikelele kufuneka aqinisekise ukuba umlilo wokupheka okanye isixhobo esikhupha umlilo sibekwe kwiindawo ezenzelwe oko ukuze kukhuseleke ingozi yomlilo okanye nasiphina isoyikiso esiyingozi.
- (4) Umlilo ovuthayo ungakhona kumhlaba kaRhulumente, efama, kwindawana yokuhlala encinci, okanye kumhlaba okwihlomela ledolophu elichaziweyo nelingesetyenziswayo njengendawo yokuhlala, ngaphandle kokuba oku kuye kuvunywe ngaphambili ngegunya elivelu kumlawuli ogunyazisiweyo, imvume leyo ebibhalwe phantsi yaza yafumaneka ngokuhambelana nowiso-mthetho olusebenzayo noluchazwe kuLudwe IweeNkubo 3.

### **ISAHLUKO 8**

#### **IZINTO EZINOKUTSHA**

Ukusetyenziswa kwesi Sahluko

36. Ngaphandle kokungathatheli ngqalelo amalungiselelo omthetho obizwa ngokuba yi-Hazardous Substances Act okanye i-Occupational Health and Safety Act, esi Sahluko silawula izinto ezinokutsha kwimigangatho karhulumente wengingqi ngendlela yokukhusela nokunciphisa iingozi zomlilo okanye naziphina ezinye izoyikiso esiyingozi.

#### **Ukugcinwa kunye nokusetyenziswa kwezinto ezinokutsha**

37. (1) Phambi kwesiseko sofakelo olutsha okanye utshintsho lofakelo olusele lukhona, nokuba lolwethutyana okanye lusisigxina kugcino Iwezinto ezinokutsha, umnini okanye umntu ophethayo kolu fakelo kufuneka aggithise isicwangciso solu lwakhiwo kuMasipala, ngokuhambelana ne-National Building Regulations, ize ikopi evunyiweyo yesi sicwangciso ihlale ifumaneka rhoqo kwisiza apho kwensiwa khona olu fakelo.
- (2) Phambi kokugunyaziswa kofakelo Iwtanki olungaphezu komhlaba okanye itanki yokugcina engaphantsi komhlaba, irhasi engamanzi yepetroleum okanye imibhobho enxulumene noku, umnini okanye umntu ophethayo kolu fakelo kufuneka aqinisekise ukuba uxinzelelo luvavanyiwe ngokuhambelana namalungiselelo e-National Building Regulations (T1), S.A.B.S. 0131: iSahlulo 1 no-2, S.A.B.S. 089: iSahlulo 3 kunye ne-S.A.B.S. 087: iSahlulo 1, 3 no-7 (nesiphina esisebenzayo) kubukho bomlawuli ogunyazisiweyo.
- (3) Nangona ngokwecandelwana (2), umlawuli ogunyazisiweyo engalufunayo ufakelo Iwtanki olungaphezu komhlaba okanye itanki yokugcina engaphantsi komhlaba, irhasi engamanzi yepetroleum, okanye imibhobho enxulumene noku ukuba uxinzelelo luvavanyiwe ngokuhambelana namalungiselelo e-National Building Regulations (T1).
- (4) Umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka aziswe kwiiyure ezingamashumi amane anesibhozo (48) ubuncinane phambi kovavanyo loxinzelelo.
- (5) Phambi kotshintsho olunempembelelo kumaziko, kuhuselo emlilweni kwitanki ese lekhona engaphezu komhlaba okanye itanki yokugcina engaphantsi komhlaba, irhasi engamanzi yepetroleum, okanye imibhobho enxulumene noku, umnini okanye umntu ophethayo kuloo maziko kufuneka azise umlawuli ogunyazisiweyo, noya kuchaza ukuba kula maziko, olu fakelo kufuneka Iwensiwe ngendlela ekhuselekileyo.
- (6) Umnini okanye umntu ophethayo kumaziko akufunekanga agcine okanye asebenzise:—

- (i) irhasi enokutsha egqithileyo kwi-19 kilogram, okanye
- (ii) izinto ezingamanzi ezinokutsha ezikwiqela elinobungozi (i), (ii), (iii) okanye (iv) ezigqithe ama-200 litres, ngaphandle kokuba ufumene isiqinisekiso sezinto ezinokutsha kumlawuli ogunyazisiweyo.

#### **Isiqinisekiso sezinto ezinokutsha**

38. (1) Umnini okanye umntu ophethayo kumaziko ofuna isiqinisekiso sezinto ezinokutsha, esichazwe kwicandelo 38(6), kufuneka agqithise isicelo kumlawuli ogunyazisiweyo, njengoko kuchaziwe kuLudwe lweeNkqubo 2 lalo Mthetho kamasipala.
- (2) Umlawuli ogunyazisiweyo angacela ulwazi olongeziweyo kumenzi lowo wesicelo.
- (3) Umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka angavumi ukunikezela ngesiqinisekiso sezinto ezinokutsha ukuba ngaba amaziko awazithobel iimfuno ze-National Building Regulations (T1) kwakunye neemfuno ezongeziweyo ezichazwe apha kulo Mthetho kamasipala, nalapho umlawuli ogunyazisiweyo acinga ukuba ukungathobeli kwamaziko kunokulungiswa, kufuneka axelele umnini okanye umntu ophethayo kula maziko ngencwadi ebhaliweyo ukuba kufuneka athathe onke amanyathelo afanelekileyo ukuba anike amaziko ukhuseleko olufanelekileyo phambi kokuba asetyenziswe, ngokuhambelana necandelo 38(6) kwakunye nokunikezelwa kwestiqinisekiso.
- (4) Isiqinisekiso sezinto ezinokutsha kufuneka sihlaziywe rhoqo ngonyaka, ngomhla okanye ngaphambi komhla ochazwe kwisiqinisekiso sezinto ezinokutsha, kwaye naninina ubungakanani okanye udidi lwento enokutsha kufuneka litshintshiwe okanye kufuneka kusetyenziswe icandelo 38(5).
- (5) Xa, ngalo naliphina ixesha, umlawuli ogunyazisiweyo eqaphela ukuba ukusetyenziswe kwamaziko akuhambelani nesiqinisekiso sezinto ezinokutsha, kufuneka athathe amanyathelo ngokwamacandelo 4(2) okanye 6(1) kunye necandelo 7 lalo Mthetho kamasipala.
- (6) Nangona icandelwana (5), xa, ngokwezimvo zomlawuli ogunyazisiweyo, izinto ezinokutsha zigcinwe okanye zisetyenziswe kuyo nayiphina inkqubo ngendlela enobungozi kubomi babantu okanye kwimihlabu nezakhiwo, okanye ufakelo alugunyaziswanga, umyalelo ungaggithiswa wokususwa kwezi zinto zinokutsha okanye olu fakelo kula maziko.
- (7) Umboneleli (supplier) anganganikezel ngezinto ezinokutsha kumnini okanye kumntu ophethayo kumaziko, ngaphandle kokuba umnini okanye umntu ophethayo kula maziko unesiqinisekiso esisebenzayo sezinto ezinokutsha nesinikezelwe ngumlawuli ogunyazisiweyo.
- (8) Isiqinisekiso sezinto ezinokutsha sisebenza kuphela:—
- (a) kufakelo esasigqithiselwe lona;
  - (b) kwimo yamaziko ngexesha logqithiso, kunye
  - (c) nobungakanani obuchazwe kwisiqinisekiso.
- (9) Isiqinisekiso sezinto ezinokutsha kufuneka sihlale sifumaneka kumaziko ngamaxesha onke ukuze sihlolwe.
- (10) Umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka agcine ingxelo yamaziko onke nalapho isiqinisekiso sezinto ezinokutsha sigqithisiweyo, salungiswa saza saphinda sahlaziywa.

#### **Itanki eziphezu komhlaba ezisisigxina zokugcina izinto ezinokutsha mhlawumbi okwethutyana.**

39. (1) Kweli candelo, kuphela ziitanki zethutyana okanye ezisisigxina eziphezu komhlaba ezisetyenziswa ekugcineni izinto ezinokutsha okulawulwayo.
- (2) Itanki yethutyana yokugecina izinto ezinokutsha nengaphezu komhlaba, ngaphandle kwaleyko inkulu kakhulu igcinwe kwidepho evumelekileyo, ngokwengqiqo yomlawuli ogunyazisiweyo, ngokwemfanelo yemeko enjalo, ngaphandle kokuba ezi mfuno zilandelayo zithotyelwe:—
- (a) ukuba ngaba inobunzima obungaggithanga kwiilitha ezingamawaka alithoba (9000) kwaye ayisetyenzisela ukugcina kwezinto ezinokutsha nezineqondo ledangatya elingaphantsi kwama-40°C;
  - (b) ikumaziko kangangexesa elingaggithanga kwiinyanya ezintandathu;
  - (c) olu fakelo lulonke kufuneka luthobelane ne-SABS 0131: iSahlulo 1 okanye S.A.B.S. 0131 iSahlulo 2 nokuba sesiphina esisebenzayo, kunye
  - (d) isicelo esibhaliweyo esihamba nesicwangciso kufuneka zigqithiselwe kumlawuli ogunyazisiweyo kwiintsku ezilishumi elinesine (14) ubuncinane phambi kolwakhiwo Iwtanki kwaye, phambi koku, imvume ebhaliweyo kufuneka ifunyenwe kumlawuli ogunyazisiweyo kulwakhiwo Iwale tanki.
- (3) Nangona kwicandelo 38(1), xa kufuneka indawo enkulwana kwitanki yokugcina engaphezu komhlaba okanye itanki iza kufakwa ngokusisigxina, uyilo olwamkelweyo nolusekelwe kwikhoudi efanelekileyo kazwelonke neyezizwe ngezizwe okanye umgangatho kufuneka ugqithiselwe kuMasipala ukuba wamkelwe ngokwe-National Building Regulations (T1).
- (4) Iimfuno zolu yilo kunye nolwakhiwo Iwtanki esisigxina kufuneka zihambelane neekhowudi ezifanelekileyo zikazwelonke okanye zihambelane nezamazwe ngamazwe phesheya kweelwandle.
- (5) Ubungakanani obulinganisiweyo betanki esisigxina okanye yethutyana kufuneka bunike isithuba esaneleyo esivumela ukwanda kwale mveliso ingaphakathi ngenxa yesizathu sokunyuka kweqondo lobushushu ngexesha logcino.
- (6) Itanki esisigxina okanye eyethutyana kufuneka yakhiwe kangangeemitha ezinobuncinci be-3,5 ukusuka kwimida, izakhiwo kunye nezinye izinto ezinokutsha okanye izinto ezitshayo.

- (7) Itanki esisigxina okanye eyethutyana kufuneka ibekwe kumhlaba ogangathekileyo nozinzileyo kwaye umhlaba kufuneka ubo namandla awaneleyo okuxhasa ubunzima betanki kunye nokuqulathwe yiyo.
- (8) Itanki esisigxina okanye eyethutyana kufuneka ibe nodonga olomelelyo olubizwa ngokuba yi-bund wall.
- (9) Izilumkiso ezaneleyo kufuneka zithatyathwe ngendlela yokukhusela ukuchitheka ngexesha lokuthiwa kwetanki.
- (10) Izitshizi zokucima umlilo ezaneleyo, njengoko zichaziwe ngumlawuli ogunyazisiweyo, kufuneka zinikezelwe kwiibhokisi ezingaphazanyiswayo yimozulu xa zikufutshane netanki.
- (11) Iimpawu zokhuseleko ezibhaliweyo nezithi “Akutshaywa”, “Akukho ziKhanyisi ezingagqunywanga” kunye no-“Ingozi” kufuneka zibkwe kufutshane netanki, kwaye ezi mpawu kufuneka zithobele iSABS 1186: iSahlulo 1.
- (12) Izinto ezingamanzi ezinokutsha ngaphakathi etankini kufuneka zichazwe ngendlela ecacileyo, ngokusebenzia i-Hazchem placards ezidweliswe kwi-SABS 0232: iSahlulo 1.
- (13) Impompo yombane okanye yokuvutha kwangaphakathi kufuneka ixhotyiswe ize ibekwe ukuze iphelise ingozi yamanzi anokutsha xa enokuveza umlilo.
- (14) Ufakelo lombane olunxulumene netanki yokugcina engaphezu komhlaba kufuneka luthobele iSABS 0108 kunye ne-SABS 089: iSahlulo 2.

#### **Itanki engaphantsi komhlaba yokugcina izinto ezingamanzi ezinokutsha**

- 40. Ukufakelwa kwetanki lokugcina izinto phantsi komhlaba, iimpompo, izikhongozeli nemibhobho esebenzayo kwizikhululo zeenkonzo kunyenofakelo kubathengi kufuneka kuhambelane ne-National Building Regulations (T1) nefundwa ngokudibene ne-S.A.B.S. 0400, S.A.B.S. 089: iSahlulo 3 kunye no-S.A.B.S. 0131: iSahlulo 3.

#### **Idepho yogcino olukhulu lwezinto ezinokutsha**

- 41. Ukuphathwa, ukugcina nokusasazwa kwezinto ezinokutsha kwiidepho ezinkulu kufuneka kuhambelane ne-National Building Regulations (T1) nefundwa ngokudibene ne-SABS 089: iSahlulo 1.

#### **Ufakelo oluncinci kwirhasi yepetroleum olwensiwe lwangamanzi**

- 42. Ufakelo lwerhasi yepetroleum olwensiwe lwangamanzi oluqua ukugcina kwezikhongozeli zerhasi kumanzi angaggithanga kwiilitha ezingamakhulu amahlanu (500) kunye nobungakanani obudityanisiweyo beelitha ezingamawaka amathathu (3 000) kufakelo ngalunye, kufuneka lufakelwe ukuze lumphathwe ngokuhambelane ne-SABS 087: iSahlulo 1.

#### **Ukufakelwa kwerhasi kwiiyuniti ezishukumisekayo kunye nezakhiwo ezincinci ezingesosigxina**

- 43. Ukufakelwa kwerhasi engamanzi kwiiyuniti ezishukumisekayo nezakhiwo ezincinci ezingesosigxina kufuneka kuhambelane ne-S.A.B.S. 087: iSahlulo 2.

#### **Ukugalelw kaamafutha koomatshini abaphakamisa iimpahla ngexhanti (forklift trucks) nezinye iinqwelo-mafutha ze-LP ezisebenzia irhasi**

- 44. Ugkalelw kaamafutha koomatshini abaphakamisa iimpahla ngexhanti kunye nezinye iinqwelo-mafutha ezisebenzia irhasi kufuneka kuhambelane ne-S.A.B.S. 087: iSahlulo 8.

#### **Ukugcina nokugalelw kwerhasi yepetroleum engamanzi kwizikhongozeli ezigalelw ngokutsha**

- 45. Iziza ezisetyenzisa kugcino nokugalelw kwerhasi yepetroleum engamanzi kwizikhongozeli ezigalelw ngokutsha ezinobunzima obungaggithanga kwi-9kg kufuneka kuhambelane ne-S.A.B.S. 087: iSahlulo 7.

#### **Ugcino olukhulu lwerhasi engamanzi yepetroleum**

- 46. Ukubekwa, uyilo kunye nokusebenza kofakelo kugcino olukhulu lwerhasi engamanzi yepetroleum kunye nezinto ezihambelana noku kufuneka zizonke zihambelane ne-National Building Regulations (T1) nefundwa ngokudibene ne-SABS 087: iSahlulo 3.

#### **Ukupheliwa kogcino nokusetyenzisa kwezinto ezinokutsha**

- 47. (1) Uku ufakelo lwtanki engaphezu komhlaba okanye elingaphantsi komhlaba, ufakelo lwerhasi engamanzi yepetroleum okanye imibhobho enxulumene noku ayisafuneki kugcino okanye ukusetyenzisa kwezinto ezinokutsha, umnini okanye umntu ophetheyo kumaziko aphi olu iwakhiwo Iwaleziwe khona kufuneka:—
  - (a) zingaphelanga iintsuku ezsixhenxe zolu pheliso, axelete umlawuli ogunyazisiweyo ngokubhala ileta;
  - (b) zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) zolu pheliso, asuse izinto ezinokutsha kolu fakelo, ayenze ikhuseleke;
  - (c) zingaphelanga iinyanga ezintandathu zolu pheliso, asuse olu fakelo ukuquka nayiphina imibhobho ehamba nalo kula maziko ewonke, ngaphandle kokuba umlawuli ogunyazisiweyo uyalele ngolunye uhlubo, aphinde
  - (d) agcine indlela kawonke-wonke okanye indlela ebithe yaphazamiseka ngenxa yoku kususwa, ngokwanelisa uMasipala zingaphelanga iintsuku ezsixhenxe zokugqitywa kokususwa kolu fakelo.
- (2) Uku kususwa kofakelo lwtanki yangaphantsi komhlaba luchaphazela ngokonakalisayo uzinzo Iwamaziko, umnini okanye umntu ophetheyo kolu fakelo kufuneka enze isicelo esibhaliweyo kumlawuli ogunyazisiweyo ukuba azalise itanki ngolwelo oluludaka lwasamente.

## Ukwenza ingxelo yeengozi

48. Ukuba kwenzeke ingozi equka izinto ezinokutsha, unobangela woko kwacaca ukuba ngumlilo, sisighushumbo, kukuchitheka okanye yilahleko kwinto enokutsha, kwakunye nokwenzakala kwabantu okanye ukufa, umnini okanye umntu ophetheyo kumaziko kufuneka ngokukhawuleza axelele umlawuli ogunyazisiweyo.

## Izitora okanye iindawo zokugcina ezinokutsha

49. (1) Ulwakhiwo lwendawo yokugcina enokutsha kufuneka ihambelane ne-National Building Regulations (T1) nefundwa ngokudibene ne-SABS 0400.
  - (2) Umgangatho kufuneka wenziwe ngesamente okanye nayiphina into engenakungenwa nto kwaye kufuneka kufakwe ingontsi ngezantsi kocango okanye kufakwe ithala eliphantsi kwefestile.
  - (3) Le ngontsi okanye ithala (sill) malenziwe libe nobunzulu okanye nobude ukuze xa kunokuchitheka izinto, likwazi ukugcina la manzi anokutsha, njengoko kuchaziwe kwisiqinisekiso sezinto ezitshayo nesongezo seshumi ekhulwini (10%) sobungakanani obuchazwe kwisiqinisekiso.
  - (4) Nangona i-National Building Regulations (T1) nefundwa ngokudibene ne-SABS 0400:
    - (a) Udytaniso lophahlha lwesitora esinokutsha kufuneka sakhiwe ngesixwexwe sesamente esikwaziyo ukunikezela ukuxhathisa emlilweni kangangeeyure ezimbini xa siyinxene yesinye isakhiwo;
    - (b) indawo engenisa nekhupha umoya kwisitora kufuneka iphunyezwe ngokusebenzisa izitena zomoya nezingaphandle kweendonga kumlinganisoleso wesitena esinye somoya esingaphezu komgangatho wethala kwakunye nesitena somoya esinye esisemantla esithathu sodonga (top third) kwi-5 m<sup>2</sup> yodonga okanye inxene, ukuze umphunga ungahlali ngaphakathi kwisitora;
    - (c) izitena zomoya kufuneka zigqunywe ngaphakathi nangaphandle ngoyasuyasu locingo (wire gauze) olungadlekayo olumalunga newaka elinekhulu (1100) yeminatha kwimitha nganye, kune nokuba
    - (d) olu cingo luyasuyasu kufuneka lubanjwe kakuhle yimicu yesinyithi, ifreyim yesinyithi okanye isamente.
  - (5) Xa umlawuli ogunyazisiweyo efuna njalo, isitora esinokutsha kufuneka ukungena nokuphuma komoya kwensiwe ngenkubo yomatshini eyamkelwe nguMasipala kwaye ithobe ezi mfuno zilandelayo:
    - (a) inkubo yokungena nokuphuma komoya kufuneka ikhuseleke, inike ukutshintsha komoya ngamaxhesa angamashumi amathathu (30) kwiyure nganye kwaye kufuneka isebeenze ingayeki;
    - (b) iqondo lokutsala kweqondo lephiko elihamba ngombane lokuphozisa (fan) kufuneka libengentla komgangatho wethala kwaye kufuneka uphume kumbhobho wesinyithi obucala ophelisa ilitha enye ubuncinane ngaphezu kobude bophahlha okanye iimitha ezi-3,6 ngaphezu komgangatho womhlaba, nokuba yeyiphina enkulu kunenye;
    - (c) umbhabho wokukhupha umoya ongaphandle kwisitoro, kodwa oqhagamshelana nentshiyekela yesakhiwo kufuneka ufakwe isidambisi somlilo esinikeza ukuxhathisa emlilweni kangangeeyure ezimbini kwindawo yokuphuma kwisitoro esinokutsha, uze uphinde
    - (d) umbhabho wokukhupha umoya kufuneka ubi mfutshane kangangoko kwaye ungagobeki ngokubukhali.
  - (6) Nangona i-National Building Regulations (T1) nefundwa ngokudibene ne-SABS 0400, ucango lwesitora esinokutsha kufuneka lwakhiwe ngesixhobo esinikezela ukuxhathisa emlilweni kangangeeyure ezimbini, ngaphandle kokuba kuthotyelwe yonke imigama yokhuseleko olufanelekileyo kwaye nocango luvulekela ngaphandle.
  - (7) Xa umlawuli ogunyazisiweyo efuna njalo, ucango lwesitora esinokutsha kufuneka lube ludidi olubizwa ngokuba yi-D-class fire door, oluthobela iSABS 1253.
  - (8) Nangona i-National Building Regulations (T1) nefundwa ngokudibene ne-SABS 0400, ukulayita kwisitora esinokutsha kufuneka kusetyenziswe isibane sombane esingangeni mphunga nesifikwe iingcingo kwisinyithi kwakunye neendawo zokucofa esi sibane, kufuneka zibekwe ngaphandle kwesitora.
  - (9) Akukho nasinye isixhobo sombane esisesinye ekufuneka sifakwe kwisitora esinokutsha.
  - (10) Isitora esinokutsha kufuneka sinikwe ugwebu lwephantayazo olufakelweyo oluqulathe amashumi amathandathu anesihlanu (65) eemilimitha nemibhobho yesinyithi esiphakathi nesikhokelela ngaphakathi kwaye ugwebu olungenayo kufuneka luphawulwe ngophawu olubonakalisa amagama athi “**ugwebu olufakelweyo**” ngoonobumba abakhulu abalikhulu (100) leemilimitha.
  - (11) Amanqwanzwa okanye ukwenziwa kweeshelfu kwisitora esinokutsha kufuneka kwensiwe ngeplanga elingenakho ukutsha.
  - (12) Isitora esinokutsha kufuneka siphawulwe ngala magama alandelayo, “**Flammable Store—Bewaarplek Vir Vlambare Vloeistowwe — Isitora: Indawo Yokugcina Izixhobo Ezithatha Lula Umlii**”, kwakunye nobungakanani obuvumelekileyo kwisitora esinokutsha obubhalwe ngoonobumba abakhulu abalikhulu (100) leemilimitha ngaphakathi nangaphandle kweengcango eziqhagamshelana ngqo nesitora.
  - (13) Umnini okanye umntu ophetheyo kwisitora esinokutsha kufuneka aqinisekise ukuba iingcango zesitora esinokutsha ziblala zitshixiwe rhoqo xa isitora singasetyenziswayo.
  - (14) Akukho mntu uvumelekileyo ukuba angene kwisitora esinokutsha okanye enze okanye avumele ukuba kungenwe ngaphandle kwemvume yomnini okanye umntu ophetheyo kumaziko.
  - (15) Izitshizi ezaneleyo zokucima umlilo, njengoko echaza umlawuli ogunyazisiweyo, kufuneka zixhonywe kudonga olungaphandle lwesitora esinokutsha ngendlela ecacileyo nekulula ukufikelela kuzo.

- (16) Nasiphina isixhobo sesandla esisetyenzisiweyo kwisitora esinokutsha kufuneka sikhuseleke ngokunokwaso.
- (17) Akukho mntu uvumelekileyo ukuba asebenzise okanye avumele ukuba isitora esinokutsha sisetyenziswe kuyo nayiphina into ngaphandle kwaleyo ikwisiqinisekiso sezinto ezinokutsha, ngaphandle kokuba asisebenzi njengesitora esinokutsha kwaye nomlawuli ogunyazisiweyo uxelewe ngokwale migaoqo ilandelayo:—
  - (a) zingaphelanga iintsuku ezisixhenxe zokuyeka, xelela umlawuli ogunyazisiweyo ngeleta ebhaliwego;
  - (b) zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) zokuyeka, susa izinto ezinokutsha kwisitora esinokutsha ukuze usigcine sikhuselekile;
  - (c) zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) zokuyeka, susa yonke imiqondiso.
- (18) Ngokuxhomekeka kumalungiselelo eli candelo, umlawuli ogunyazisiweyo angabiza iimfuno ezonegeziweyo ekuphuculen iukhuseleko emlilweni kwisitora esinokutsha.

#### **Ukuphathwa kwezikhongozeli nokugcinwa kwazo**

50. (1) Zonke izikhongozeli sezinto ezinokutsha kufuneka zigcinwe zivaliwe qho xa zingasetyenziswa.
  - (2) Umntu akavunyelwanga ukuba atsale izinto ezingamanzi ezinokutsha kwisikhongozeli esingaphezulu kweelitha ezingamamashumi amabini (20), ngaphandle kokuba isikhongozeli sifakwe impompo evalwe ngokwaneleyo okanye itephu.
  - (3) Izikhongozeli sezinto ezingamanzi ezinokutsha kufuneka zibhalwe ziphinde ziphawulwe ngamagama abonisa izikhongozeli sezinto ezingamanzi ezinokutsha ezingaphakathi kwakunye nobungozi bala manzi.
  - (4) Izikhongozeli sezinto ezingamanzi ezinokutsha kufuneka zichazwe njengerhasi okanye ukungabi namphunga kwazo ngumntu owaziyo ngazo ngaphambi kwako nakuphina ukulungiswa okunokwenziwa.
  - (5) Zonke izikhongozeli sezinto ezingamanzi ezinokutsha kufuneka zenziwe ziphinde zigcinwe zikwimeko ekhuseleke ngendlela efanelekileyo kwakunye nokukhusela ukuvuza kwezi zinto ezinokutsha okanye umphunga.
  - (6) Isikhongozeli sezinto ezingamanzi ezinokutsha esingenanto kufuneka sigcinwe kwisitora esinokutsha.
  - (7) Apho isitora esinokutsha singenakho ukufumaneka ekugcineni izikhongozeli sezinto ezingamanzi ezinokutsha ezingenanto, umlawuli ogunyazisiweyo angavumela ugcino olunjalo kwindawo evulekileyo; xa:—
    - (a) indawo yokugcina kufuneka ibe kwindawo kwakunye nobukhulu obaneleyo nokuthi, ngokweembono zomlawuli ogunyazisiweyo, kungenakwenza ingozi yomlilo okanye nasiphina esinye isoyikiso somlilo;
    - (b) indawo yokugcina ingena ikwaphuma umoya ngendlela efanelekileyo yaza yavalwa ngokubiyelwa ngomnatha wocingo nokuba:—
      - (i) izixhasi zocingo zenziwe ngesinyithi okanye ufakelo lwesamente;
      - (ii) inesango elivulekela ngaphandle nelihlala litshixiwe xa lingasetyenziswa, kunye nokuba
      - (iii) xa indawo yomgangatho ingaphezulu kwe-10 m<sup>2</sup> kwaza kwafakelwa isango elongezelelwego lokufedula, elifakte ibholithi etshebelezayo okanye esinye isixhobo esifanayo sokutshixa esinakho ukuvulwa ngaphakathi ngaphandle kokusetyenziswa kwestishixo;
    - (c) indawo yokugcina ayinalutyani okanye izityalo kwaye inomgangatho owomeleleyo nongenakho ukutsha;
    - (d) umgama ongangeemitha ezimbini ojikeleze le ndawo ibiyiwego nengenangca, ukhula kunye nezinto ezikwanjalo ezinokutsha;
    - (e) xa indawo yokugcina inophahla, ulwakhwi lophahla nokunye okuxhasayo kufuneka kwensiwe ngezinto ezingenakho ukutsha;
    - (f) imililo evulekileyo engaphandle, ukudityanisa kwezinto (welding), imisebenzi yokusika kunye nokutshaya akuyumelekanga kwindawo okanye kwiindawo ezikufutshane nendawo yokugcina kwaye neempawu okanye imiqondiso ihlala ixhonyiwe kucingo kwaye ithobela iSABS 1186: iSahlulo 1, kunye
    - (g) nezixhobo zokulwa umlilo zifakelwe njengoko echazile umlawuli ogunyazisiweyo.
  - (8) Isikhongozeli esingenanto sezinto ezingamanzi ezinokutsha kufuneka sivalwe ngendlela ekhuselekileyo ngesivingco okanye ngesiciko esifanelekileyo.

#### **Amagumbi ezitshizi neezindlwana ezakhiwe ngamaplanga (booths)**

51. Igumbi lezitshizi, indlwana eyakhiwe ngamaplanga okanye indawo eyenzelwe ukusetyenziswa kwezinto ezingamanzi ezinokutsha kufuneka yakhwi kwaye ixhotiyiswe ngendlela apha ethobelana neMimiselo yoKhuseleko Jikelele (General Safety Regulations) echazwe ngokoMthetho obizwa ngokuba yi-Occupational Health and Safety Act.

#### **Izikhongozeli zerhasi engamanzi yepetroleum**

52. (1) Izikhongozeli zerhasi engamanzi yepetroleum kufuneka zenziwe, zigcinwe ziphinde zivavanywe ngokuhambelana ne-SABS 087: iSahlulo 1 ne-SABS 019.
- (2) Isikhongozeli serhasi engamanzi yepetroleum kufuneka sisetyenziswe siphinde sigcinwe ngendlela eya kukhusela umonakalo okanye ukuvuza kwamanzi okanye umphunga.
- (3) Isikhongozeli serhasi engamanzi yepetroleum enomphakathi ongaggithanga kwiikilogram ezilithoba kufuneka sigwaliswe size sigcinwe ngokuhambelana ne-SABS 087: iShalulo 7.

**ISAHLUKO 9****UKUHANJISWA KWEZINTO EZINOBUNGOZI**

Isiqinisekiso sezinto ezinobungozi

53. (1) Umsebenzisi okanye umqhubi-wenqwelo mafutha esekelwe ukuthutha okanye ukuhambisa izinto ezinobungozi angangasisebenzisi eso sithuthi kwindawo elawula umlawuli ogunyazisiweyo, ngaphandle kokuba ufumene isiqinisekiso sezinto ezinobungozi esinikezelwe yinkonzo yomlilo ngokomthetho obizwa ngokuba yi-National Road Traffic Act.
- (2) Umqhubi wesithuthi ekuthethwa ngaye kwicandelwana (1), kufuneka agqithise isicelo kumlawuli ogunyazisiweyo njengoko kuchaziwe kuLudwe lweNkqubo 2 lwalo Mthetho kamasipala.
- (3) Umlawuli ogunyazisiweyo angacela ulwazi olongeziweyo kulo menzi wesicelo.
- (4) Umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka angavumi ukunikezela ngesiqinisekiso sezinto ezinobungozi ukuba isithuthi asithobelani kunye (nayiphina into efanelekileyo kwsithuthi) neemfuno ze-SABS 087: iSahlulo 4, SABS 089: iSahlulo 1, SABS 0230, SABS 1398, SABS 1518, nalapho umlawuli ogunyazisiweyo acinga ukuba ukungathobelani kwsithuthi kungalungiswa, kufuneka aylele umqhubi wesithuthi ukuba abhale phantsi ukuba makathathe onke amanyathelo afanelekileyo ekulungensi zonke iziphene phambi kokuba asebenzise isithuthi eso ngokuhambelana necandelwana (1) kwakunye nesiqinisekiso sezinto ezinobungozi.
- (5) Isiqinisekiso sezinto ezinobungozi kufuneka sihlaziwe rhoqo ngonyaka, phambi komhla ochazwe kwisiqinisekiso sezinto ezinobungozi okanye nanini na xa kukho ugcino okanye ulungiso olukhulu ekufuneka lwenziwe kwesi sithuthi.
- (6) Xa, ngalo naliphina ixesha, umlawuli ogunyazisiweyo eqaphela ukuba ukusetyenziswa kwesi sithuthi akuhambelani nesiqinisekiso sezinto ezinobungozi, kufuneka athathe amanyathelo ngokwecandelo 4(2) okanye 6(1) kunye necandelo 7 lalo Mthetho kamasipala.
- (7) Umthumeli anganganikezeli izinto ezinokutsha kumqhubi wesithuthi esichazwe kwicandelwana (1), ngaphandle kokuba umqhubi unesiqinisekiso sezinto ezinobungozi esisebenzayo nesinikezelwe ngumlawuli ogunyazisiweyo.
- (8) Umthunya angangazifumanzi izinto ezinobungozi kumqhubi wesithuthi esichazwe kwicandelwana (1), ngaphandle kokuba umqhubi uyafikelela kwiiimfuno ezichazwe kwicandelwanan (7).
- (9) Isiqinisekiso sezinto ezinobungozi sisebenza kuphela:—
  - (a) kwiſithuthi esasikhutshelwe sona;
  - (b) kwimeko yesithuthi ngexesha logqithiso, kunye
  - (c) nobungakanani obuchazwe kwisiqinisekiso.
- (10) Isiqinisekiso sezinto ezinobungozi kufuneka sifumanekwesi kwiſithuthi esichazwe kwicandelwana (1) xa kufuneka sihloliwe ngamaxeshwa onke.
- (11) Umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka agcine ingxelo yezithuthi zonke nekuthe kwaggithiswa isiqinisekiso sezinto ezinobungozi, salungiswa saphinda sahlaziwa.

**ISAHLUKO 10****AMALUNGISELELO JIKELELE**

Ukubopheleleka kukaRhulumente

54. Lo Mthetho kamasipala ubophelela uRhulumente kunye nawuphina umntu okwinkonzo kaRhulumente.

**Amatyala nezohlwayo**

55. (1) Nawuphina umntu:—
  - (a) ochasana nalo neliphina kula malungiselelo alo Mthetho kamasipala okanye ongaphumeleliyo ukuthobelana nawo, okanye
- (b) ochasana okanye angaphumeleli ukuthobelana nawo nawuphina umyalelo owenziweyo okanye nasiphina isaziso esisetyenziswa ngokudibene noku, ufunyanwa enetyala kwaye angafumana isigwebo okanye ukuhlala entolongweni njengoko kuchaziwe kuMthetho obizwa ngokuba yi-Fire Brigade Services Act.
- (2) Ukubekwa kwesohlwayo kuyo nayiphina impikiswano okanye ukuchasana akusayi kuba sisizathu sokuzigwebela kule nkcaso okanye kufuneka le mpikiswano ivunyelwe ukuba iqhubekene.
- (3) Umlawuli ogunyazisiweyo kufuneka ayalele umntu ofunyenwe enetyala ukuba alungise le mpikiswano okanye inkcaso okanye isiphene eso lingaphelanga ixesha elichazwe ngumlawuli ogunyazisiweyo.

**Ukurhoxiswa kwemithetho kunye nohlangulo**

56. (1) IMithetho kaMasipala echazwe kuLudwe lweeNkqubo 1 ke ngoko iyarhoxiswa kangangexesa elichazwe kuluhlu lweeNkqubo 1.
- (2) Xa kunokubakho nayiphina ingxabano phakathi kwamalungiselelo alo Mthetho kamasipala kunye namalungiselelo kulo naluphina olunye uwiso-mthetho, amalungiselelo alo Mthetho kamasipala asetyenziswa jikelele.

- (3) Isiqinisekiso esasigqithisiwe, isaziso esibhaliwego esanikezelwayo okanye naliphina elunye inyathelo logunyaziso olwenziwe kulo Mthetho kamasipala nelirhoxiswe kwicandelwana (1), zingaphelanga iinyaanga ezintandathu phambi kokuqalisa ukusebenza kwalo Mthetho kamasipala kuya kucingwa njengonikezelo lwesiqinisekiso, isaziso esisetenzisiwego okanye ugunyaziso olwenziwego ngumlawuli ogunyazisewego ngokwalo Mthetho kamasipala.

**Itayitile okanye isihloko esifutshane kunye noqaliso**

57. Lo Mthetho kamasipala ubizwa ngokuba nguMthetho kamasipala woKhuseleko loLuntu emLilweni kwaye uyakuqala ukusebenza ngomhla wopapasho kwiGazethi yePhondo.

**ULUDWE LWEENKQUBO 1**

Ukurhoxiswa kwemithetho kunye nohlangulo

Umasipala ngamnye makafake iinkcukacha ezifanelekileyo apha


**ULUDWE LWEENKQUBO 2**

**Iifomu**

- A. ISicelo sesiQinisekiso senani laBemi
- B. IsiQinisekiso senani laBemi
- C. ISicelo sesiQinisekiso sezinto ezinokutsha
- D. IsiQinisekiso sezinto ezinokutsha
- E. ISicelo sesiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi
- F. IsiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi

A.

**Isicelo sesiQinisekiso senani laBemi**

<b>For official use only</b>	<b>Umasipala xyz</b>										
Permanent / Temporary (Delete which is not applicable)											
Application No. _____											
File No. _____											
<b>Isicelo sesiQinisekiso senani laBemi</b>											
Isicelo sesiQinisekiso senani laBemi senziwe ngokweCandelo 22 (1) soMthetho kamasipala woKhuseleko loLuntu eMlilweni.											
Igama lomceli:	Inombolo yefowuni										
	Inombolo yeSeli.										
Igama leshishini:	Inombolo yefowuni										
	Inombolo yeSeli										
Uhlobo leshishini, umz. ibhari, indawo yemigcobo ebusuku, njalo-njalo:											
Inombolo yesiza:											
Le ndawo ikowuphi umgangatho, umz. kophantsi, kowokuqala, njalo-njalo?											
Idilesi yesirato:											
Ihlomela ledolphu:	Ikhowudi										
<b>Iinkcukacha zeZiko</b>											
Mingaphi imigangatho kwesi sakhiwo?		Mingaphi imigangatho ethathwe yile ndawo eyenzelwa esi sicelo?									
<b>I-square metres zendawo esetyenzisiweyo kumgangatho ngamnye wale ndawo</b> Bonisa isquare metreage esahlukeneyo kumgangatho ngamnye esithathwe yile ndawo kwezi bloko zilandelayo		<b>Inani labemi elilindelekileyo</b>									
Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )
1) Abasemagunyeni abalawulayo bangangavumi ukunikeza isiqinisekiso esicelwayo xa iziko lingazithobeli iimfunoze-National Building Regulations. 2) Abasemagunyeni abalawulayo bangayalela naziphina iimeko ezongeziweyo xa kufanelekile ekunikezeleni ukhuseleko kwiziko phambi kokunikezwa kjesiqinisekiso. 3) Isiqinisekiso sisebenza kuhela kwiziko elo linikezelweyo kwaye akutshintshiswana ngaso. 4) Ukuba abahlala ngaphakathi okanye umnini weziko atshintshe, umnini okanye umntu ophetheyo kufuneka enze isicelo sesiqinisekiso esitsha.											
<b>Isandla somceli</b>											
<b>Bhala igama</b>											
<b>Umhla</b>											
<b>Idilesi</b>											
<b>Umlawuli ogunyazisiweyo: (isandla)</b>											
Bhala igama											
Umhla											
Umrhumo wesiqinisekiso we-R _____ ubhatalwa ngokunxulumene nesi sicelo kunye nokuhlolola okulandelayo .											

**B. IsiQinisekiso senani labemi**

<b>For official use only</b> Permanent / Temporary (Delete which is not applicable) Application No. _____		<b>Umasipala xyz</b>									
File No. _____											
<b>IsiQinisekiso senani labemi</b> Esi siQinisekiso senani labemi sinikezelwa ngokweCandelo 22 loMthetho kamasipala woKhuseleko loLuntu eMlilweni.											
Igama lomnini onesiqinisekiso:		Inombolo yefowuni:									
		Inombolo yeSeli:									
Igama leshishini elinesiqinisekiso:		Inombolo yefowuni:									
		Inombolo yeSeli:									
Okungaphakathi:											
Inombolo yesiza:											
Le ndawo ime		kumgangatho weziko (ophantsi, owokuqala, njl-njl)									
Idilesi yesitrato:											
Ihlomela ledolophu:		Ikhowudi									
<b>Iinkcukacha zezikos</b>											
Inani lemigangatho kwesi sakhiwo		Inani lemigangatho ethathwe yile ndawo									
I-square metres zendawo esetyenzisiweyo kumgangatho ngamnye wale ndawo		Inani labemi elivunyiweyo									
		Inani leendawo zokuphuma kumgangatho ngamnye									
Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )
						Inani lilonke labemi kumgangatho ngamnye					
						Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )	Floor ( )
1) Isiqinisekiso sinikezwe ngokweCandelo 22 loMmiselo woKhuseleko loLuntu eMlilweni kwaye sisebenza kuphela kumaziko apho sasinikezwe khona.											
2) Ukuba abahlala ngaphakathi okanye umntini weziko atshintshe, umnini okanye umntu ophetheyoy kufuneka enze isicelo sesiqinisekiso esitsha.											
3) Isiqinisekiso kufuneka sibekwe kwindawo ecacileyo nebonakala ngokuthe gca kwiziko apho sasinikezwe khona.											
<b>Umlawuli ogunyazisiweyo (isandla)</b>											
<b>Bhala igama</b>											
<b>Umhla</b>											

**C. ISicelo sesiQinisekiso sezinto ezinokutsha**

<b>For official use only</b>	<b>Umasipala xyz</b>	
Application No. _____		
File No. _____		
<b>Isicelo sezinto ezinokutsha</b>		
Isicelo sokugcinwa nokusetyenziswa kwezinto ezinokutsha ngokweCandelo 39(1) loMthetho kamaspala woKhuseleko loLuntu eMlilweni.		
Igamal lomceli:		
Urhweba njenge:		
Uhlobo leshishini, umz. ivenkile		
Inombolo yesiza:		
Idilesi yesitrato:		
Ihlomela ledolophu:	Ikhowudi	
<b>Uhlobo lokugcina</b> Ukufakwa okanye itanki nganye okanye indawo yokugcina enokutsha kufunekwa ibekwe ngokomntu ngamnye	<b>Ukubekwa kobungakanani bemveliso</b> umz. 1x23 m <sup>3</sup> tank, 5x5x48 kg LPG ubuinzi, okuqulathwe yindawo yokugcina izinto ezinokutsha	<b>Imveliso</b> umz. ipetroli, idizile, LPG
<b>Jonga ngasemva xa ufunu ulwazi olongeziweyo</b>		
Okunye onokukuchaza:		
<b>Isandla somceli:</b>		
Idilesi:		
Inombolo yefowuni:		
Umlawuli ogunyazisiweyo: (isandla)		
Bhala igama:		

Umrhumo wesiqinisekiso we-R\_\_\_\_\_ ubhatalwa ngokunxulumene nesi sicelo kunye nokuhlola okulandelayo.

**Umlawuli ogunyazisiweyo:** \_\_\_\_\_

**Umhla:** \_\_\_\_\_

**Igama legosa elamkelayo:** \_\_\_\_\_

**Itayitile :** \_\_\_\_\_



#### D. IsiQinisekiso sezinto ezinokutsha

<b>For official use only</b>	<b>Umasipala xyz</b>	
Application No. _____		
File No. _____		
Certificate No. _____		
<b>IsiQinisekiso sezinto ezinokutsha</b> Imvume yokugcina kunye nokusetyenziswa kwezinto ezinokutsha ngokweCandelo 38(6) loMthetho kamasipala woKhuseleko loLuntu eMilweni.		
Igama lomceli:		
Urhweba njenge:		
Uhlobo lweshishini, umz. ivenkile		
Inombolo yesiza:		
Idilesi yesirato:		
Ihlomela ledolophu:	Ikhowudi	
<b>NgokweCandelo 38(6) loMmiselo kamasipala woKhuseleko loLuntu eMilweni, la maziko achazwe apha ngasentla aqinisekisiwe ukuba angagcina okanye/aphinde asebenzise ezi zinto zilandelayo zinokutsha</b>		
<b>Uhlobo lokugcina</b> Ukufakwa okanye itanki nganye okanye indawo yokugcina enokutsha kufunekwa ibekwe ngokomntu ngamnye	<b>Ukubekwa kobungakanani bemveliso</b> umz. 1x23 m <sup>3</sup> tank, 5x5x48 kg LPG ubuninzi, okuqulathwe yindawo yokugcina izinto ezinokutsha	<b>Imveliso</b> umz. ipetroli, idizile, LPG
<b>Jonga ngasemva xa ufuna ulwazi olongeziweyo</b>		
Esi siqinisekiso sikhutshwa kwaye siya kusebenza de _____		
Umhla wohlaziyo ngokutsha _____		
Umhla wokuphelelwa _____		
Isiphatha-mandla esilawulayo (umsayino) _____ Umhla wokukhutshwa _____		
Igama legosa elisikhuphayo (Bhala igama) _____ Isikhundla _____		



**E. ISicelo sesiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi**

For official use only Application No. _____	Umasipala xyz	
File No. _____		
<b>Isicelo sesiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi ngokunxulumene nezinto ezinokutsha</b> Isicelo sesiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi ngokwe-National Road Traffic Act (No.93 ka-1996)		
<b>Idilesi yomenzi</b>		
Igama lomenzi:		
Urhweba njengo:		
Inombolo yesiza:		
Idilesi yesitrato:		
Ihlomela ledolophu	Ikhowudi	
Isixeko		
<b>Ukubekwa kwenithuthi</b>		
Inombolo yesiza		
Idilesi yesitrato:		
Ihlomela ledolophu	Ikhowudi	
Isixeko		
<b>Linkcukacha zesithuthi esifunelwa isiqinisekiso sobhaliso</b>		
Uhlobo okanye udidi lwesithuthi		
Inombolo yobhaliso		
Inombolo yobhaliso yezinto ezinobuNgozi		
Ubunzima		
Umthwalo		
Uhlobo esenziwe ngayo		
Inani leetanki		
Ubunzima beetanki		
Unyaka wokwenziwa kwetanki		
Inombolo yenjini (xa ikhona)		
Inombolo yesisu semoto (chassis)		
Inani lezinto ezinokutsha eziza kuhanjiswa		
Izinto ezingamanzi ezinokutsha ( <i>l</i> )		
Umpunga onokutsha ( <i>kg</i> )		
Izinto ezingengomanzi ezinokutsha ( <i>kg</i> )		
Onokuthi ukuchaze:		
Umenzi (umsayino/isandla)		
Idilesi:	Bhala igama:	
Inombolo yefowuni:	Inombolo yefaksi:	
Umlawuli ogunyazisiweyo: (isandla)		

**For official use only**

Umrhumo wesiqinisekiso ubhatalwa ngokunxulumene nesi sicelo kunye nokuhlola okulandelayo.

**Isandla segosa elamkelayo** \_\_\_\_\_ **Umhla:** \_\_\_\_\_

**Igama legosa elamkelayo:** \_\_\_\_\_ **Itayitile:** \_\_\_\_\_

## F. IsiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi

For official use only Application No. _____  File No. _____	<b>Umasipala xyz</b>
<b>IsiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi ngokunxulumene nezinto ezinokutsha</b> Isicelo sesiQinisekiso sezinto ezinobuNgozi ngokwe-National Road Traffic Act (No.93 ka-1996)	
Oku kukuqinisekisa ukuba le nqwelo-mafutha, neneenkukacha ezi zezi zilandelayo, iye yavavanywa yaze yafunyaniswa ithobelana namacandelo asebenzayo e-S.A.B.S. 0230 ekuhanjisweni kwezinto ezinokutsha, kungajongelwanga phantsi ukuba inqwelo-mafutha enjalo ikwaxhomekeke kuyo yonke eminye imithetho esebenzayo.	
<b>Idilesi yomenzi</b> Igama lomsebenzisi / umqhubi: _____ Urhweba njengo: _____ Inombolo yesiza: _____ Idilesi yesitrato: _____ Ihlomela ledolophu _____      Ikhowudi _____ Isixeko _____	
<b>Linkukacha zenqwelo-mafutha okanye isithuthi</b> Uhlobo okanye udidi lwesithuthi _____ Inombolo yobhaliso _____ Inombolo yobhaliso yezinto ezinobuNgozi _____ Ubunzima _____ Umthwalo _____ Uhlobo esenziwe ngayo _____ Inani leetanki _____ Ubunzima beetanki _____ Unyaka wokwenziwa kwetanki _____ Inombolo yenjini (xa ikhona) _____ Inombolo yesisu semoto (chassis) _____ Inani lezinto ezinokutsha eziza kuhanjiswa _____ Izinto ezingamanzi ezinokutsha ( <i>l</i> ) _____ Umphunga onokutsha ( <i>kg</i> ) _____ Izinto ezingengomanzi ezinokutsha ( <i>kg</i> ) _____	
Esi siqinisekiso sobhaliso asisoiqinisekiso (warranty) sokuba semgangathweni (fitness) kwenqwelo-mafutha ochazwe apha kwaye nawuphina umsebenzisi okanye umqhubi okanye nawuphina omnye umntu onomdla angazonelisa ngokokuvumeleka endleleni, ulwakhiwo kunye nemeko yale nqwelo-mafutha ichazwe ngasentla.	
Esi siqinisekiso sikhutshwa kwaye siya kusebenza de _____  Umhla wohlaziyo ngokutsha _____ Umhla wokuphelelwa _____ Isiphatha-mandla esilawulayo (umsayino) _____      Umhla wokukhutshwa _____ Igama legosa elisikhuphayo (Bhala igama) _____      Isikhundla _____	

**ULUDWE LWEENKQUBO 3****Uwiso-mthetho olusebenzayo**

Ngokunxulumene necandelo 35(4):—

<b>Itayitile</b>	<b>Inombolo</b>
Atmospheric Pollution Prevention Act, 1965	UMthetho 45 ka-1965
Conservation of Agricultural Resources Act, 1983	UMthetho 43 ka-1983
Forest Act, 1984	UMthetho 122 ka-1984
National Forest Act, 1998	UMthetho 84 ka-1998
National Veld and Forest Fire Act, 1998	UMthetho 101 ka-1998
National Water Act, 1998	UMthetho 36 ka-1998

**ULUDWE LWEENKQUBO 4****IiKhowudi ezisetyenziswayo nokuKodwa kwe-SABS**

<b>IKhowudi ye-SABS</b>	<b>ITayitile</b>
SABS 019	Izikhongozeli eziphathekayo zesinyithi ezisetyenziswa kwirhasi ezinzelelweyo — uyilo lokuqala, ukwensiwa, ukusetyenziswa kunye nokugcinwa.
SABS 087: iSahlulo 1	Ukuphathwa, ukugcinwa kunye nonikezelo lwerhasi eyenziwe yangamanzi yepetroleum ekhayeni, kurhwebo kunyenofakelo kushishino, iSahlulo 1: ukufakelwa kwerhasi yepetroleum engamanzi equka izikhongozeli zokugcinwa kwerhasi yobunzima ngabunye bamanzi obungekho ngaphezulu kwamakhulu amahlanu eelitha (500ℓ) kunye nobungakanani bamanzi obudityanisiweyo obungekho ngaphezulu kwamawaka amathathu eelitha (3000ℓ) kufakelo ngalunye.
SABS 087: iSahlulo 3	Ukuphathwa, ukugcinwa kunye nonikezelo lwerhasi eyenziwe yangamanzi yepetroleum ekhayeni, kurhwebo kunyenofakelo kushishino, iSahlulo 3: ukufakelwa kwerhasi yepetroleum engamanzi equka izitya zokugcina ubungakanani ngabunye bamanzi angaphezulu kweelitha ezingamawaka amahlanu (5000ℓ).
SABS 087: iSahlulo 4	Ukuphathwa, ukugcinwa kunye nonikezelo lwerhasi eyenziwe yangamanzi yepetroleum ekhayeni, kurhwebo kunyenofakelo kushishino, iSahlulo 4: Ukuthuthwa kwerhasi yepetroleum engamanzi ngezinto ezinkulu endleleni.
SABS 087: iSahlulo 7	Ukuphathwa, ukugcinwa kunye nonikezelo lwerhasi eyenziwe yangamanzi yepetroleum ekhayeni, kurhwebo kunyenofakelo kushishino, iSahlulo 7: Ukugcinwa kunye nokugcwaliswa kweziza kwizikhongozeli zerhasi yepetroleum engamanzi ephinda igewaliswe (LPG) enobunzima obungekho ngaphezulu kwe-9 kg.
SABS 089: iSahlulo 1	Ushishino Iwepetroleum, iSahlulo 1: Ukugcinwa kunye nonikezelo lwemveliso yepetroleum kufakelo olukhulu olungapehu komhlaba.
SABS 089: iSahlulo 2	Ushishino Iwepetroleum, iSahlulo 2: Ufakelo lombane kwicandelo lonikezelo kunye norhwebo okanye intengiso.
SABS 0105: iSahlulo 1	Ulwahlulo, ukusetyenziswa kunye nokulawulwa kwezixhobo zokulwa umlilo, iSahlulo 1: Izicimi-mlilo eziphathekayo.
SABS 0108	Ulwahlulo lweendawo ezinobungozi kunye nokukhethwa kwezixhobo ekufuneka zisetyenzisiwe kwiindawo ezinjalo.
SABS 0131: iSahlulo 2	Ukuphathwa kunye nokugcinwa kwamafutha angamanzi, iSahlulo 2: Amaziko amakhulu abathengi.
SABS 0142	Ukubiyelwa kwamaziko.

SABS 0177: iSahlulo 5	Ukuvavanya kwezinto ezisetyenzisiweyo, okudityanisiweyo (components) kunye nezinye izinto ezisetyenzisiweyo kwizakhiwo: Ukungabinakutsha okukwiqondo elingama-750°C kwizinto ezisetyenzisiweyo xa kusakhiwa.
SABS 193	Izidampisi zomlilo.
SABS 0228	Ukuphawulwa kunye nokwahlulwa kwezinto ezinobungozi neempahla.
SABS 0232: iSahlulo 1	Ukuthuthwa okanye ukuhanjisa kwezinto ezinobungozi — iiNkqubo zolwazi ngexesha likaxakeka, iSahlulo 1: Iinkqubo zolwazi ngexesha likaxakeka kuhambis o endleleni.
SABS 0400	Ukusetyenziswa kommiselo obizwa ngokuba yi-National Building Regulations.
SABS 1186: iSahlulo 1	Iimpawu ezibhaliweyo zokhuseleko, iSahlulo 1: Iimpawu ezisemgangathweni kunye neemfuno jikelele.
SABS 1253	Iingcango zomlilo kunye nezivalo zomlilo (shutters).
SABS 1398	Iinqwelo-mafutha zamata nki asendleleni kwizinto ezingamanzi ezinokutsha.
SABS 1475: iSahlulo 1	Ukuveliswa kwezixhobo zokulwa umlilo ezenziwe ngokutsha, iSahlulo 1: Izicimi-mlilo eziphathekayo neziphinda zitshajwe ngokutsha.
SABS 1518	Ukuhanjisa kwezinto ezinobungozi — Uyilo lweemfuno zabahambisi bamata nki asendleleni.
SABS 1571	Ukuhanjisa kwezicimi-mlilo eziphathekayo neziphinda zitshajwe ngokutsha.
SABS 1573	Izicimi-mlilo eziphathekayo neziphinda zitshajwe ngokutsha — Izicimi-mlilo eziluhlobo olulugwebu.

P.N. 343/2006

27 October 2006

## GOVERNMENT PRINTING WORKS

THE GOVERNMENT PRINTING WORKS, PRETORIA, INVITES PRINTING COMPANIES TO SUBMIT TENDERS FOR THE  
UNDERMENTIONED PRINTING REQUIREMENTS

- (1) Bids must be on the official bid documents, which must be completed in all respects, and all information must be supplied as stipulated in the bid document.
- (2) Bids must be submitted in sealed envelopes, stating the name of the Bidder and the Bid number on the outside of the envelope.
- (3) Separate envelopes must be used for each bid.
- (4) The envelope must be addressed and posted to The Government Printing Works, Tender Section, Private Bag X85, Pretoria, 0001 or deposited in the tender box at 149 Bosman Street, next to the Main Entrance, Pretoria 0001 to be received on or before 11:00 on 28 November 2006.
- (5) For all inquiries regarding this invitation to bid please contact: The Government Printing Works. Tel (012) 334-4518, Mr. Nyide.
- (6) Bid documents are only available from The Government Printing Works, Tender Section, Private Bag X85, Pretoria or 149 Bosman Street, Pretoria. Telephone (012) 334-4680/4597.
- (7) Bids received after the closing date and time are late and will not be accepted for consideration.
- (8) Only original bid documents, signed in ink will be considered.
- (9) **Please Note:** All prospective bidders must attend the compulsory briefing session.  
**Date:** 2006-11-09, **Time:** 10H00 for 10H30, **Venue:** Conference Room, 1st Floor, GPW premises, **Contact person:** Mr. T. Nyide, **Tel No:** (012) 334-4518. **Failure to attend the compulsory briefing session will invalidate your bid.**  
This bid document is restricted to the printing establishment in the province, which you tender for. Only one set of bid documents will be issued to a supplier.

SERVICE: Printing and supplying of general full colour printing in the Western Cape Province for a period of one year from 1 March 2007 and terminating 28 February 2008.

TENDER NUMBER: GPW-C 22 — Western Cape.

CLOSING DATE: 28 November 2006 at 11:00.

CONTACT PERSON: Mr. Nyide (012) 334-4518.

P.N. 344/2006

27 October 2006

## CITY OF CAPE TOWN

EXTENSION OF THE BOUNDARIES AND THE NAME CHANGE  
OF THE ZANDVLEI BIRD SANCTUARY NATURE RESERVE TO  
THE GREATER ZANDVLEI ESTUARY NATURE RESERVE

Notice is hereby given in terms of section 7(7) of the Nature Conservation Ordinance, 1974 (Ordinance 19 of 1974), that the Minister of Environmental Affairs, Planning and Economic Development has granted approval to the City of Cape Town for the amendment of the boundaries of the Zandvlei Bird Sanctuary Nature Reserve established by the Provincial Gazette 70/1978 of 27 January 1978 to amend by extending the boundaries as indicated on a map filed in the office of the Acting Chief Executive Officer of CapeNature at CapeNature House, Belmont Office Park, 14 Belmont Road, Rondebosch and to change the name from Zandvlei Bird Sanctuary Nature Reserve to The Greater Zandvlei Estuary Nature Reserve.

P.N. 345/2006

27 October 2006

## CITY OF CAPE TOWN

ESTABLISHMENT OF A LOCAL NATURE RESERVE:  
BLAAUWBERG CONSERVATION AREA LOCAL  
NATURE RESERVE

Notice is hereby given in terms of section 7(5) of the Nature Conservation Ordinance, 1974 (Ordinance 19 of 1974), that the Minister of Environmental Affairs, Planning and Economic Development has granted approval to the City of Cape Town to establish a local nature reserve on their properties, being, Erven 3295 (a portion of Erf 1694), Melkbosch Strand, Erf 385 (a portion of Erf 268 excluding Erf 418, a portion of Erf 385), Blaaubergstrand, Farm No. 99, Farm No. 1141, Farm No. 147, Portion 1 of Farm No. 144 and Portion 1 of Farm No. 145, Cape, to which the name "Blaauwberg Conservation Area Local Nature Reserve" has been assigned and the boundaries of which are as indicated on a map filed in the office of the Acting Chief Executive Officer: CapeNature, CapeNature House, Belmont Office Park, 14 Belmont Road, Rondebosch.

P.N. 346/2006

27 October 2006

LAND USE PLANNING ORDINANCE, 1985  
(ORDINANCE NO. 15 OF 1985)

## AMENDMENT OF SCHEME REGULATIONS

The Minister of Environment, Planning and Economic Development intends, in terms of section 9(2) of the Land Use Planning Ordinance, 1985, to amend the Scheme Regulations made in terms of section 8 of the aforementioned Ordinance and published in Provincial Notices 353 of 20 June 1986 and 1048 of 5 December 1988, as well as the Scheme Regulations made in terms of section 7(2) of the aforementioned Ordinance to supplement the Scheme Regulations of the Zoning Schemes set out in the Schedule published in Provincial Notice 1047 of 5 December 1988 and in Provincial Notice 1049 of 5 December 1988 and the Town Planning Schemes approved in terms of section 36(1)(a) of the Development of Black Communities Act, 1984 (Act 4 of 1984) (repealed) and promulgated by P.N. 733/1989 dated 22 September 1989, by

(a) the addition of the following definition in paragraph 1:

"liquor outlet" means an enterprise, conducted from a dwelling house or outbuilding if on a formal or informal residential zoned property on which the primary use is a single dwelling, by the lawful occupant of the dwelling house concerned, or from any other building if conducted on a business zoned property, for the sale of alcoholic beverages and may include indoor consumption of alcoholic beverages by customers on the property as well as micro manufacturing of alcohol beverages on the property, provided that, if conducted on a formal or informal residential zoned property, the dominant use of the dwelling house concerned shall remain for the living accommodation of a single family.

(b) the addition of a consent use for liquor outlets in all formal and informal residential zones on which the primary use is a single dwelling, as well as all business zonings.

P.K. 344/2006

27 Oktober 2006

## STAD KAAPSTAD

AANSOEK OM DIE WYSIGING VAN DIE GRENSE ASOOK DIE  
NAAMSVERANDER VAN DIE ZANDVLEI-VOËLPARK  
NATUURRESERVAAT

Kennisgewing geskied hierby kragtens artikel 7(7) van die Ordonnansie op Natuurbewaring, 1974 (Ordonnansie 19 van 1974), dat die Minister van Omgewingsake en Ontwikkelingsbeplanning goedkeuring verleen het aan die Stad Kaapstad om die grense van die Zandvlei-Voëlpark gestig by Provinsiale Kennisgewing 70/1978 van 27 Januarie 1978 te wysig deur dit uit te brei soos aangedui op 'n kaart gelasseeer in die kantoor van die Waarnemende Hoof Uitvoerende Beampte, CapeNature, CapeNature Huis, Belmont Park Kantoorkompleks, Belmontweg 14, Rondebosch.

P.K. 345/2006

27 Oktober 2006

## STAD KAAPSTAD

STIGTING VAN 'N PLAASLIKE NATUURRESERVAAT:  
BLAAUWBERG BEWARINGSGBIED PLAASLIKE  
NATUURRESERVAAT

Kennisgewing geskied hierby kragtens artikel 7(5) van die Ordonnansie op Natuurbewaring, 1974 (Ordonnansie 19 van 1974), dat die Minister van Omgewingsake, Beplanning en Ekonomiese Ontwikkeling goedkeuring verleen het aan die Stad Kaapstad om 'n plaaslike natuurreervaat op hul eiendomme, synde Erwe 3295 ('n gedeelte van Erf 1694), Melkboschstrand, Erf 385 ('n gedeelte van Erf 268 uitsluitende Erf 418, 'n gedeelte van Erf 385), Blaaubergstrand, Plaas No. 99, Plaas No. 1141, Plaas No. 147, Gedeelte 1 van die Plaas No. 144 en Gedeelte 1 van die Plaas No. 145, Kaapstad, te stig, waaran die naam "Blaauwberg Bewaringsgebied Plaaslike Natuurreervaat" toegewys is en waarvan die grense is soos aangedui op 'n kaart gelasseeer in die kantoor van die Waarnemende Hoof Uitvoerende Beampte: CapeNature, CapeNature Huis, Belmont Park Kantoorkompleks, Belmontweg 14, Rondebosch.

P.K. 346/2006

27 Oktober 2006

ORDONNANSIE OP GRONDGEBRUIKBEPPLANNING, 1985  
(ORDONNANSIE NR. 15 VAN 1985)

## WYSIGING VAN SKEMAREGULASIES

Die Minister van Omgewing, Beplanning en Ekonomiese Ontwikkeling is van voorneem om ingevolge artikel 9(2) van die Ordonnansie op Grondgebruikbeplanning, 1985 (Ordonnansie 15 van 1985), die Skemaregulasies wat uitgevaardig is ingevolge artikel 8 van die voormalde Ordonnansie en afgekondig deur Provinsiale Kennisgewings 353 van 20 Junie 1986 en 1048 van 5 Desember 1988, asook die Skemaregulasies uitgevaardig ingevolge artikel 7(2) van die voormalde Ordonnansie ter aanvulling van die Skemaregulasies van die Soneringskema uiteengesit in die Bylae gepubliseer in Provinsiale Kennisgewing 1047 van 5 Desember 1988 en in Provinsiale Kennisgewing 1049 van 5 Desember 1988 en die Dorpsbeplanningskemas goedgekeur kragtens artikel 36(1)(a) van die Wet op die Ontwikkeling van Swart Gemeenskappe, 1984 (Wet 4 van 1984) (teruggetrek) en afgekondig deur P.K. 733/1989 gedateer 22 September 1989, te wysig deur

(a) die byvoeging van die volgende definisie in paragraaf 1:

"drank afsetpunt" beteken die bedryf van 'n onderneming vanuit 'n woonhuis of buitegebou, indien op 'n formele of informele residensiële gesoneerde eiendom, waarvan die primêre gebruik 'n enkelwoning is, deur die wettige bewoner van die betrokke woonhuis, of vanuit enige ander gebou op 'n besigheid gesoneerde eiendom, vir die verkoop van alkoholiese drank en mag dit die binneshuise gebruik van alkoholiese drank deur kliënte sowel as die mikro vervaardiging van alkoholiese drank op die perseel, insluit, op voorwaarde dat indien die bedryf vanaf 'n formele of informele residensiële gesoneerde eiendom voorkom, die dominerende gebruik van die betrokke woonhuis die woonakkommodasie van 'n enkel familie sal bly.

(b) die byvoeging van drank afsetspunte as 'n vergunningsgebruik in alle formele en informele residensiële sones waar die primêre gebruik 'n enkelwoning is, sowel as all besigheidsonerings.